“Hayi akuxoki.”

“Yinyani emsulwa ke leyo ntombi yomntu.”

“Sobe undive ndithetha.”

“Thula sisi, silapha nje sileqa imingcwabo emibini eBhayi, nalapho siya kukhala”

“Hamb’indawo uzokubona”, litshilo inenekazi linikina intloko.

Uthe gqi kweso sithuba kanye uLiziwe esenobabuhle bakusasa kucaca ukuba uyintombi yaseMatipeni.

Khange abuze nto koko uthu rhuthu isipaji wabala imali wanika uKhuzwayo.

“Sisi usincedile ungadinwa nangomso”, utshilo uKhuzwayo.

“Bhuti, nincede mna.”

Emveni koko iye yegwiqi intombi yaseMatipeni yangena ngaphakathi.

Yena uKhuzwayo ungene nje esithuthini, sabethwa sasincikane ukuya kutshona eBhayi.

Nanamhlanje umngcwabo waseMatipeni eGxulu kusathethwa ngawo ngabantu ababewuzimasile.

Nantso ke Dlalani

Ukuba ungumkhenkethi ophuma kwamanye amaphondo nakumazwe aphesheya uze kweli laseBhayi abantu bayakuhambisa, bakubonise zonke iindawo zolonwabo, kodwa ndiya kuthembisa ukuba bayakuhamba nawe de bayokugaxeleka kwingingqi yaseZwide.

Akekho ongumkhenkethi onokuze athi akazange ayibone le lolikishi.

Le yilokishi yabantu abantsundu kuphela. Kwaye irhangqwe zilokishana ekugcwalise kuzo amabobosi. La mabobosi afumaneka kwindawo yaseVeeplaas, kooBF kwakunye naseSoweto on Sea.

Kukwezindawo apho ubumnandi buthande ukuthi kratya, lo kratya ke uye uwelele kummandla waseZwide.

Ndlela le ekumnandi ngayo kule lokishi yaseZwide ukuba ukhe waqala ukuya nangomso wobonakala.

Eyona nto ithandwa kakhulu luluntu nabakhenkethi kule ndawo yaseZwide zindawo zomjuxuzo ekugcwala kuzo mihla le ingakumbi ngempela veki.

Bekusithi kuqala nje impela veki kube sekugcwele kwezindawo kungabonakali nendawo yokuhlala.

Zifumaneka apho iinzwana neenzwakazi ezilityayo ilaphu lomlungu, uzibona apho iimbelukazi ezintsundu ukufaneleka kwazo uqale uqonde ukuba ngenene oluhlanga luntsundu lucikiziwe.

Izinxibo zona kukhutshiswana ngazo de uqonde ukuba akunakuyifumana nakweyiphi ivenkile loo mpahla, kuba umntu uchithe imali eninzi esithi mayenziwe ngabathungi babucala.

Kambe ezinye zezo mpahla zenziwe zancikane ngamabomu ukuze umntu ayinxibe imthi nkqi. Wothuke kumanye amaxesha uzibuze ukuba ingaba umntu lona uyinxibe njani impahla leyo kuba kubanzima ukuhamba nokuphefumla.

Yonke le nzima umntu azifaka kuyo wenzela nje ukuba aye kwezindawo zomjuxuzo.

Utywala nenyama eyojiwayo kwezindawo zidlala abantwana ekufuneka umntu ekwenzile kukuba akhuphe imali epokothweni athenge.

Nabathandanayo bayafumaneka apho kanti nabathengisa ngemizimba bakhona umntu ngamnye uyazikhethela akufunayo.

Yonke into iyafumaneka kwaye ngokukhawuleza okudibene nokungxama, i-Aids ikhona ikhiwa ngezikotile, imbumbulu ebucotsheni nayo uyifumana ngokukhawuleza ukuba ubhanxekile, amaquma neenduma uyawafuma ukuba unxila kakubi. Yonke into ngumdliva ilindele umntu kuphela.

Kuyo yonke lento abantu abapheli kwezi ndawo okukhona besonzakala kokukhona kuba mnandi kubo.

Ukuba unokuthi ujikeleleze kwezindawo ubuze ngoWakhe ukuba uphi, uyakuchazelwa ukuba ebephaya kwaSis'Knoxie, okanye khawumkhangele kwaBra Phiro kwindawo zabantwana.

Ngangendlela abesaziwa ngayo uWakhe kwezi ndawo bekunganzima ukuba angazimela ukuba benokuthi afunwe ngamapolisa ngokwenza umonakalo, kodwa uWakhe bengekho kwaphela kwicala lolwaphulo mthetho.

Umfo ucikiziwe untsundu ngebala kwaye efanelwa sisithomo sakhe waze walekelisa ngobuhomba.

Kwicala lesinxibo ebehamba yedwa imfanela impahla yomlungu ngokumangalisayo kwaye engoyiki ukuyikhupha imali yokuyithenga.

Ebeyithanda injezu ubhuti kakhulu kwaye ezibizela kungekho sidingo sayo.

Ebesithi kwindawo akuyo angaseli ehleli phantsi koko ebesima ngenyawo ayithi qhiwu igilasi ethethela phezulu kuqondakala ukuba umfo wonwabile kwaye ubomi kuye buntofontofo. Ngalo lonke ixesha encokola umfo omkhulu uba nezinto ezimbini esandleni sakhe, umabila ebanda kwakunye nomdiza amana ukuwumpafuza ajonge phezulu ekhupha umsi ngeempumlo kucaca nje ukuba umfo yonke into kuye ikwamLebese.

Kwicala labasetyhini besaziwa kakhulu ezitshintsha iintombi mihla le kwaye ezifumana kwakwezi ndawo zotywala.

Ezinye bezide zilwe ngaye kucaca ukuba zimthandile umfo omkhulu.

Ibe mnandi ke lonto kunkabi kuthi ke xa eyibalisa kuhleliwe nabahlobo bakhe kuhlekwe enconywa ngelokuba ngudlalani wokwenene.

Ukanti bekusithi kwakuliwa ngaye ngokuqinisekileyo ezo ntombi azisahambanga naye ngobo busuku sele ezakuhamba nazimbi.

Ngempela veki bumbona unkabi kwangentseni evule igumbi lakhe kwigumbi elingemva kowabo kwalapho eZwide.

Ebelicoca elo gumbi libethwe ngumoya, ze kamva acinezele impahla yakhe azakuyinxiba ngobo busuku abengezelise nezihlangu zakhe.

Emveni koko unkabi ebephuma enxibe ibhulukwe emfutshane nesikipa esipholileyo efake iimbadada ezinyaweni enjenjeya ukuya evenkileni.

Ukufika kwakhe apho evenkileni ebethenga izimuncu muncu ezithandwa kakhulu ngabasetyhini omayogathi, banana kwakunye neepinatsi ze akugqiba abuyele kwigumbi lakhe azifake kwisikhencezisi esikwalapho.

Ngokuhlwa unkabi ebezinxiba abemuncu atshixe igumbi lakhe aye kwindawo zabantwana.

Ukufika kwakhe apho ebezibethela izinto zakhe emana ukubheka-bheka ekhangela gqiyazana lithile anokuthi alibambe ngobo busuku.

Wenze njengesiqhelo ke uWakhe wabhekisa kwiindawo zabantwana, ufike wathenga izinto zakhe wabeka kwitafle yakhe waziselela kwamnandi.

Nanjengoko buhamba ubusuku kubekho gqiyazana lithile unkabi alibonileyo lihleli nabahlobo balo walithanda.

Yabe intombi yomntu intle ilephuza, inxibe into apha engaziwayo yesikipa esithe nca saveza ugqongo yaze eso sikipa yasikhapha ngebhulukwe ethe nca nesihlangu esichophileyo.

Ubuso babuplakwe ngodaka olubenza bube buhle kwaze kwafakelwa namashiya emehlweni.

linwele zazenziwe zaluhlobo olujikojiko kucaca kuba kuthathwe ixesha ukuzenza.

Inzwakazi le yayihleli kwakunye nabahlobo bayo ababini kumnandi kwitafle yabo kuba kaloku yayigcwele utywala.

“Uxolo ladies bendicela ukudanisa nalo sisi.” Kuvakale ilizwi lisitsho phezu kwabo.

“Hayi wethu bhuti, si-busy kwaye mna andikwazi noko kujayiva,” uphendule watsho uNonzwakazi kuba uWakhe wayebhekisa kuye.

“Nam nje baby andikwazi kodwa I always try”, utshilo uWakhe ehombe emuncu.

“I am sorry nyhani andikwazi”, utshilo uNonzwakazi, “uNzwaki” ngokwabahlobo bakhe.

“Okay, baby xa usitsho ungandinceda ke mhlawumbi undinike i-chance yokuthetha nawe xa unayo”, uzicelele uWakhe.

“Fine but not now”, utshilo uNonzwakazi.

“Okay baby girl”, watsho waguquka wahamba uWakhe wabuyela kwitafle yakhe.

“Yazi uWakhe uyathandeka qha uyawathanda amantombazana”, utshilo uPush enye inzwakazi ehleli noNonzwakazi.

“Nyani ngeba u-right yena qha angam fratsa umntu ngokuba soloko ethe nca ezilokhweni”, ungqinile uLovie enye inzwakazi ekwalapho.

“Girls lets drink mna ndine fratsi zam”, utshilo uNonzwakazi.

“Iyawa yintoni ngoku? Ngu-Speech kwakhona?” Ubuzile uPhush.

“Girls, I don’t want to say a thing, ndi-full ngu-Speech, really full zizinto zakhe”, watsho erhabula ngamandla kwigilasi yakhe yebhiya uNonzwakazi.

“How many times did we hear that?” Utshilo u-Lovie. “Masiseleni girl’s mna ndinxaniwe.”

“Yabona this time its for real andimfuni uSpeech undidike ngathi ndimtye ngaphakathi” utshilo uNonzwakazi kubonakala ukuba ngenene udikiwe.

“Girl, you’ve got to make a decision, almost every week ubalisa the same thing uSpeech le, uSpeech leya, ntombi bakumfuni mlahle qha enye woyibona ngoko”, utshilo uLovie.

“Kakade Nzwaki wawubone ntoni kula nto igeza ngola hlobo?” Ubuzile uPush, naye ewubeke phezulu umqhelo kucaca ukuba ufikile ebumnandini.

“Ku-late to answer that now, but ndidiniwe mna qha, and ndidiniwe ke.” Uphendule ngelitshoyo uNonzwakazi.

Emveni koko kuye kwecwaka kule tafle kwakhala ibhotile negilasi kuphela, umculo kwelawo icala wawusitsho kamnandi upholisa intliziyo wonke umntu ezonwabele.

Ngelingeni uWakhe ude walifumana ithuba lokuthetha noNonzwakazi, hayi ke, ngoko nangoko esi sibini siye savana kuba kakade besincwasene qha into ebethayo yile kaWakhe yokuthanda iilokhwe.

Emveni kweyure ezilandelayo esi sibini siye senyebilele sahamba kunye sisiya kuloWakhe.

Ngosuku olulandelayo ibe luvuyo kuWakhe kuba eye walala naye uNonzwakazi kwaye unkabi uye wanesigqibo sokuba akagqithi kule nzwakazi intle kangaka.

Libuye latshona lona ilanga lingaliyo zaphuma iintombi kwakunye nabafana besiya kwesezolo apho ubumnandi bulele khona.

Kubuye kwagcwala kwakho kwindawo yolonwabo nabantu phandle bezonwabele benxilile, abanye behleli kwizithuthi zabo benxile beludaka. Phakathi kwezithuthi ezazilapho phambi

kwalomzi uthengisa utywala kwakukho ne-City Golf emhlophe ehleli ooguluva abane uZet, Phaki, Lloyd kwakunye noSpeech.

“You know guys there is one thing I don’t like in the world kukubhanxwa you know?” Utshilo uSpeech efutha ngumsindo.

“Bra, what is your point maan?” kubuze uZet.

“No you see, phezolo ndibuza uPush ukuba uphi uNzwaki uthi akamazi umgqibele ethetha noWakhe, khange ndibuye ndimbone up untill now. What does that tell you? Inye it means ukuba lantwana imke kunye naye lamntwana, my own baby you see that”, uye wabila uSpeech ebhekisa loo mazwi kubahlobo bakhe, emva koko uye wehlasi ibhotile yebranti ababeyisela wagalela igilasi yagcwala wayibetha entloko wacimela akathetha wajonga phezulu.

“In other words Speech la ntwana ikwenza ibharu, bona bayapetshana”, utshilo uPhaki.

“Bras if kukho intwana enezothe kum yilantwana, but I am sure his time will come”, utshilo uLloyd ethethela phantsi kucaca ukuba uqhunywe umanzi.

“I’m telling you guys, very soon kuzokunuka umswane I can feel that in my bones”, utshilo uSpeech waze wabuya wasela.

“Let’s keep on watching sizakuyifumana lanja, itsho izazi ukuba iyinja”, watsho uLloyd egqithisa ibhotile.

Ngaphakathi kwindawo yomjuxuzo umculo wawusitsho kamnandi kwaye ulonwabo lalulephuza.

UWakhe emana ephakama eze na-four ye-beer ezibandayo azibeke etafileni phambi koNonzwakazi nabahlobo bakhe kuselwe.

“Wakhe, khawuze ndikubone phandle, please”, watsho uNonzwakazi emveni kwethuba.

“Fine baby, fine”, watsho uWakhe eveza uncumo lukaBlankethe.

Baphumile phandle baze bangana ngokungathi kudala bagqibelana.

“Wakhe ungavi kakubi va ndicela ukulala ekhaya namhlanje”, watsho uNonzwakazi epholile.

“Baby girl, lo nto uyitshoyo kum ilungile”, waphendula uWakhe naye efile luthando kucaca ukuba lenzwakazi iwuxhwilile umphefumlo wakhe ngokwenene.

“Wakhe ungandithembisa ukuba uzakulala wedwa ngokuhlwanje.”

“Nzwaki wam esi kum sisiqalo sento entsha ebomini bam uzakuzibonela.”

Emveni koko esisibini siye sawolana kucaca ukuba akungeni moya phakathi kwaso.

Babuyele ngaphakathi kwakho aba babini besaphethwe luthando olushushu.

Emveni kweyure uNonzwakazi uchazele uWakhe ukuba bayahamba kuba bonele.

“So girls, mandinikhaphe kaloku.”

“No baby akho need yoko sizakuzihambela”, watsho uNonzwakazi.

“Hambani nezi botile ke so that nibe nomphako apho niya khona.” Utshilo uWakhe kucaca ngenene ukuba uzimisele ukuyonwabisa le nzwakazi yakhe.

UNonzwakazi, uPhush kwakunye noLovie bazithabathile ezo botile baphuma nazo bagoduka.

Phandle ooguluva babelinde ngomonde ongathethekiyo. Nakubeni babesele bekwibotile yesibini ye – branti umqelo wawunganyuki kuyaphi. Amehlo ayethe ntsho kwisango ekuphunywa ngalo kujongwe zonke iziqu eziphuma apho.

“Naba abantwana guys”, uvakele esitsho uLloyd.

“No ndibathe, kyk jy seen”, waphendula uSpeech. “But ndifuna ukuthi make sure la bharu iyalandela, so let’s sit tight.”

Ngeli xesha oonqalintloko babenxile amehlo ebomvu kuba kaloku babedibanise nentsangu.

Inye into eyayiqondakala yayiyeyokuba bavathe uSathana kwaye bangenza nayiphina into.

“Bra khawugalele, i-stiff tot, khendirhabule yazi nobutywala abuhli, jy weet, ndibawela ukwenza uSathana yazi”, watsho uZet.

Zigalelwe iigilasi zahanjiswa phakathi kwabanqevu kuthiwe cwaka kucaca ukuba uSathana uyagquba phakathi kwabo.

Ngaphakathi uWakhe ubuye waphakama wathenga i-branti ne-beer ezimbini wabuya wahlala phantsi.

Umfo omkhulu uye wagalela ibranti wabetha entloko wajonga umabonakude olapho, suka wabona ubuso bukaNonzwakazi wancuma ...

“Wakhe, Bra Wakes, hayi ngumhlola lona zange ndakubona upoqe apha”, latsho ilizwi.

Kwasululu uWakhe wabhekabheka engazi ukuba uphina.

“Hayi maan wena khawugoduke sekutheni ulele apha ngoku”, yatsho indoda ecocayo kule ndawo ithengisa utywala.

“Ngubani ixesha?” Wabuza uWakhe.

“Ngu-nine bra Wakes, hayi maan goduka maan please, zintloni zantoni ezi uzenzayo?”

“Maan benditshayiwe phezolo ndigqibele ndibukele I-tv.”

“Ok, bra.”

“Butywala bukabani obu?”Wabuza uWakhe.

“Bobakho kuba buphambi kwakho.”

UWakhe kange abuye athethe koko usuke wathabatha ibranti wayibetha entloko, waphakama wajikisa ibeer kuba ibishushu efuna ebandayo.

Emveni koko uye waphuma ngomnyango engakhange enze nelimndaka.

Orheme kwisithuthi sabo bothuke nabo ilanga liphezu kwabo kushushu apho emotweni.

Nabo kucaca ngokumhlophe ukuba bebepoqile.

“Lloyd, Lloyd khawuvuke maan uvule le minyango, sis niyawalele!” Utshilo uSpeech esothuka ephumela ngaphandle apha emotweni.

“Jesus, look at the time, labharu inokuba kudala yemkayo”, watsho uLloyd naye ephuma.

“Maan, kutheni ndinesikhwakalala kangaka and nani nilele, umntu anganithemba njani guys?” Watsho uSpeech kubonakala ukuba uxhelekile emphefumleni kwaye nehabhalaza imphele.

Bonke oonqalintloko ngoku babesele bengaphandle emotweni kucaca ukuba ibhabhalaza ibaphethe kwaye nelanga lishushu ngamandla.

“Phaki, khawubaleke uze ne-beer ebandayo please”, ukhuphe imali uSpeech wanikezela.

Umkile uPhaki imizuzwana embalwa wabuya ephethe iibeer ezintathu.

“Guys you won’t believe this, lebhuru ipha ngaphakathi”, utshilo uPhaki.

“Uyaxoka”, watsho uSpeech ethabatha ibhotile eyivula eyimhoma.

“I’m not lying guys, nizakuyibona izakuphuma ngoku kucacile ukuba nayo ibipoqile.”
Akubanga thuba lide waphuma uWakhe ephethe utywala bakhe wechu engangxamanga wahla isitalato egoduka.
“So guys there is no need for us to wait here let us go”, watsho uSpeech.
Bangenile ooguluva kwisithuthi sabo baqhumisa uthuli begoduka.
USpeech ubabeke kumakhaya abo abahlobo bakhe emveni koko wayenza ncikane imoto ukuya kuloNonzwakazi.
Ufike wabetha i-bell kabini kathathu kwisithuthi sakhe walinda.
Emveni kwethutyana kuye kwavela umntwana emnyango ukrobe nje wabuya wangena endlwini.
Ngalo lonke eloxesha uSpeech uyagubha ngumsindo emotweni akazi makathini.
Emveni kwethutyana uye waphuma uNonzwakazi enxibe iimpahla zokulala.
“Hellow”, watsho uSpeech.
“Molo.”
“Ndicela ukhwele.”
“Andizokwazi kuba ndisalele.”
“Buphi phezolo?”
“Apha ekhaya.”
“Kwenzeka ntoni phakathi kwakho noWakhe?”
“Speech, uzokuthini apha?”
“Ndize kuwe.”
“Ndicela ungabe uphinde ke uze apha ekhaya.”
“What do you mean maan?”
“Ndithi ungabe uze apha ekhaya ndidiniwe nguwe nezinto zakho kukangaphi undibhanxa uhamba namantombazana phambi kwam ndingathethi ndithule uze ujike ngoku uzokundibuza ububhanxa bokuba bendiphi?”
“Kucacile ukuba ngoku uyathandana.”
“Ayifuni wena lonto, noba ndeza ntoni ngobomi bam.”
“Oh! Utsho ngoku?”
“Nditsho kakade ucinga ntoni?”
“Andiyithandi lento uyenzayo yeva.”
“Andithandanga oyenzileyo wena kuqala.”

“Akundifuni?”

“Andifunwanga nguwe kuqala.”

“Nonzwakazi ndicela ukhwele apha emotweni.”

“Andizokwazi.”

“Ngoba?”

“Ngoba ndisalele.”

“Ndiphinde ndibuye?”

“Uzothini kanene?”

“Uphezu kwantoni Nonzwakazi?”

“Ndiphezu kwale uphezu kwayo Speech, kwaye ndicela ungabe uphinde uze apha ekhaya.”

“Utsho?”

“Ngumhlola lo akundiva dan, ndithi ungabe uphinde uze apha ekhaya.”

Kwesi sithuba uSpeech uye wamthi ntsho emehlweni uNonzwakazi kucaca ukuba ubawela ukumxhifma anqunqele egoqweni kuloo ndawo ame kuyo. UNonzwakazi naye ukhuphe amehlo entloko kucaca ukuba akanikezeli, udiqiwe yimpatho kaSpeech.

“Ikhona enye into?” wabuza uNonzwakazi.

USpeech uye wamthi ndwanya ngamehlo kucaca ukuba ufile ngumsindo.

UNonzwakazi khange abuye athethe uye wegwiqi waya kungena kowabo wawala ucango akaphuma.

USpeech uye wahlala apho emotweni ebila ngumsindo akugqiba wayisusa ngesona santya sakhe sasikhulu engazi ukuba makathini, kodwa ngaphakathi eqonda ukuba kumele xa kunje kutake udakada.

Lihambile ilanga lona lingaliyo layakutshona kwakho lipholile kunjalo nje.

Zaqala zaphuma iintokazi nabafana kwimimngxunya yabo bonke basingisa kwindawo yobumnandi.

NoWakhe wazibetha wamhle kwakhona wayakutshona kwindawo yesezolo.

Ufike uNonzwakazi wakhe sele engaphambili ehleli nabahlobo bakhe kwaye umntwana womntu engemhle enendawo ezifuna ukucengwa.

Buzile utywala, yagcwala itafile, watsho umculo, yaduduma indlu, kwacaca kokude ukuba ngenene elo lizulu lasemhlabeni.

UNonzwakazi uziqondile ukuba ngoku uhluthi kwaye utywala abupheli phambi kwakhe nentloko sele ijikeleza.

Usebezele uWakhe ukuba makamnike isitshixo sekamire kuba yena ufuna ukuya kulala. Usinikiwe isitshixo waxelela abahlobo bakhe ukuba uyazimela uya kulala.

Akubanga xesha lide uWakhe wenyebelele naye wazimela eshiya phofu itafile isagcwele butywala.

Lovie noPush basale bezintyintya ngotywala ngathi abobe bubekho ngomso.

“Phush uphi uNonzwakazi?” Kuvakele ilizwi phezu kwabo.

“Hayi, hayi Speech andazani naNonzwakazi mna”, uphendule uPush naye ezinxilele.

“Push don’t play with me, okay uphi uNonzwakazi?”

“Speech asigcini Nzwaki, okay?” Wangenelela uLovie

“Uphi uWakhe? Uphi uNonzwakazi? Girls, I’m not playing, okay?”

“Jonga Speech mna andijongi Wakhe naNzwaki, ezabo zezabo, okay, masivane ke bhuti, ungakhe usikhwelele kancinci”, uphendule ngelitshoyo uPush.

Uye wegwiqi uSpeech ewuqonda umcimbi ukuba ulele kweliphi icala.

Ungene nje emotweni abahlobo bakhe sele bembona ukuba wonakele kwaye uyavutha ngumsindo.

“Drive”, uvele watsho.

“Siye phi papa?” Ubuzile u-Lloyd.

“Masiye kuloWakhe guys, namhlanje kuzokunuka umswane ndikuxelela inene, are you with me?”

“All the way bra, all the way, kudala ndiyifuna lantwana yatyela umntakwethu, emveni koko yasweleka icherry yi-Aids nayo ngoku ibra yam iphantsi komhlaba, masiye bras this is the day vele”, watsho uPhaki kucaca ukuba kudala enenqala.

Izityhutyhe ngokukhawuleza izitalato zaseZwide imoto de yayakufika kwesi ahlala kuso uWakhe.

Ihanjiswe kancikane ngoku kusenzelwa ukuba ingangxoli kwaye nezibane zicinyiwe.

Bade bayakumisa phambi kwaku loWakhe.

“Lloyd shiyeka apha emotweni fine”, utshilo uSpeech

“Sure papa.”

“Guys oopayipu benu ba-ready?” Wabuza uSpeech.

“Yonke into i-ready”, waphendula uPhaki.

“Ukuba iimbumbulu ziyashota nazi ezinye.”

“Bra thina silinde wena, si-ready.”

Behlile emotweni oonqevu bavula iheke bangena baze bachwechwa bajikela emva kwendlu.

Balibonile igumbi likaWakhe licinywe isibane.

“Ilapha lenja nebaby yam”, utshilo uSpeech.

Basondela emnyango bankqonkqoza.

Cwaka akwabikho mntu uthethayo babuya bankqonkqoza kwakhona.

“Ungubani?” Lavakala ilizwi ngaphakathi.

“Singobhuti bakho vula.”

Ngaphakathi kuye kwecwaka.

“Vula njandini!”

Cwaka ngaphakathi akwavakala nokhrwatshakhrwatsha.

“Vula jou nkukuma yenja!” Labuya latshe ilizwi.

Uqonde ngoko uWakhe ukuba konakele ngoku kwaye ukufa kukufutshane.

Ngeli xesha uNonzwakazi wayesele evukile wanxiba.

“Ungavuli”, utshilo uNonzwakazi esebeza.

“Ngubani?” Ubuzile uWakhe ngelizwi elingcangcazelayo.

“Lilizwi likaSpeech elo kwaye uxwaye inkathazo”, uphendule uNonzwakazi.

Uye wabila umfo omkhulu wabaleka amanzi kwafika nemichamo kwakho into ethi

makasitsho isikhalo abize abantu kodwa wabuya wazicenga.

Uziphose phantsi kwebhedi kuqala wayokutsho emva wabuya wanentloni waphuma

watyhalela uNonzwakazi apho.

Wema yena exakiwe ukuba makathini iinyembezi zinqumuleza izidlele.

Uye wacinga ngomama wakhe ongekhoyo nangotata wakhe oseNgqushwa naku ngoku yena

ezakufela kweli Bhayi, uthe akufikelela kwinqanaba lokufa suka wezihlela umncamo wafuna

nokuya ngasese kwanzima endodeni.

Ngaphandle amazwi ayemile esithi, “Vula sikubulale ngoku!”

Kwakukho nelithi, “Masitshise ibobosi elo sohlukane nento yonke!”

Oonqalintloko baqondile ukuba inde lento mabagibisele izitena baqhekeze iifestile ukuze babe nokufumana ithuba lokungena ngaphakathi. Ngalo lonke elo xesha izithuko zazisitsho kwaye zihambisa umzimba.

Bazigibisele ngathi baqeshiwe izitena oonqalintloko bazitsho ezofestile zaphela vuthu. Baqala bakhaba umnyango. Kuyo yonke le meko babengathi bavuthelwe ezindlebeni nguMtyholi.

Ngaphakathi endlwini uWakhe wayemi ebambe ucango.

Koko kuxhathisa kwakhe kuye kwavakala ivumba kucaca ukuba uzingcolisele kwaye ngoku uyoyisakala.

UWakhe ucinge ngokukhwela phezu kwesibandisi wabuya wazinqanda eqonda ukuba lonto ayisayikumnceda.

Uye walala ngesisu warhubuluza ngokwejoni emfazweni wafika ecaleni kwesibandisi wasityhala sabheka phambi komnyango owawusele usecicini lokuwa. Emveni koko uye wazincama wavula ucango lwesibandisi ewisa ukutya phantsi, wangena ngaphakathi kuso wavala ucango.

Ngeli xesha ivumba lalisele libophe indlu yonke kucaca ukuba lelendoda endala.

Unkabi uzive sele ethandaza.

“Bawo ndingumoni phambi kwakho... Thixo ndenzeni emhlabeni...” yaqala yabhonga indoda ifixiza ngamandla kwaye kucaca ukuba yoyika ngokwenene.

Akakwazanga kuwugqiba unkabi umthandazo kuba iimbhokotho zazisele zingena ngamandla endlwini.

Amazwi wona ayemile ngelithi, “Sobe uphinde wenze mntu sibhanxa Wakhe, izulu uzakulingena ungacinganga namhlanje, hayi ngenye imini!”

Ngaphantsi kwebhedi uNonzwakazi waye ngakwazi nokuphefumla utywala buphele engqondweni.

Inye into awayeyicinga yeyokuba waye funa ntoni kwesi sikrom-krom sizakumbulala namhlanje.

Wafuna ukusitsho isikhalo kodwa ilizwi alaphumelisa waqonda nje ngokumhlophe ukuba ubomi kuye buphelile.

“Push, andiyithembanga lanja uSpeech, ingathi kanti iyokwenza isigezo phaya kulo Wakhe uyazi?” Utshilo uLovie esanxilile.

“Yitsh’uphinde. Uyazi my friend ukuba ukwada uSpeech neezangqeqe zakhe”, watsho uPush.

“Mtsha’nam khawusapha lefowuni yakho please.”

ULovie uye wacofa amanani waphula phula.

Ngelingeni umntu uye waphendula.

“Nceda noba ungubani, biza amapolisa.”

“Nzwaki kwenzeka ntoni apho?” ubuzile uLovie.

“Mtsha’nam please, biza amapolisa ooSpeech basivalele apha kuloWakhe ...”

“Nzwaki, Nzwaki”, cwaka ifowuni akwabikho mpendulo.

ULovie ubuye wacofa amanye amanani kwaphendulwa uchazele amapolisa ukuba umhlobo wakhe uvalelwe zizikrelemqa, watsho enikezela igama lesitalato kwakunye nenombolo yendlu.

Lloyd oshiyeke emotweni ubone isithatha esiluhlaza sisiza singxamile sisiza kwesi sitalato waqonda ukuba konakele.

Uhle ngokukhawuleza emotweni wajikela emva kwendlu wafika abahlobo bakhe besaxakekile ngoku bediliza indlu.

“Guys ku-blou”, khange abuye athethe enye into ubuye waguquka ngokukhawuleza wabuyela emotweni, ufikisene nabahlobo bakhe bakhwela ngokukhawuleza wayibetha yincinci ukusuka apho.

Athe efika amapolisa afika kungasabonakali kwamoto apho.

Ehlile esithuthini angena apho akabona nto elinye lajikele emva kwendlu, laba selibona umonakalo labiza amanye.

“Hey! Nina apho phumani sithi singamapolisa!”

Kuthe cwaka umzuzwana waze umnyango wavuleka kancikane, UNonzwakazi uthe akubona amapolisa wasitsala esofelweyo.

Amapolisa aye amthuthuzela echaza ukuba yonke into ilungile noonqalintloko babalekile. UNonzwakazi ngelingeni uye wathula, yena uWakhe wayesele exakwe kukuphuma kuba udaka lwesinqe lwalugcwalise ibhulukhwe.

Emveni kwentsuku ezimbalwa babanjwa uSpeech, uZet, uPhaki kwakunye noLloyd kodwa babuya bakhululwa kuba bayikhanyela into yokuba bayokuvingca kuloWakhe kwaye nobungqina babungabambeki. UWakhe kwelakhe icala iBhayi zange libuye libemnandi kwakho waqokelela zonke izinto zakhe wayakutshona...

.

Ntakana Ntyilo-Ntyilo

Kumazantsi eNtaba KaNdoda, kulo maxethuka endlela esingise eQonce wofumana iilali ezithe rhwelele kukutyeba nomhlaba ochume watyekeza. Ukanti ukuba uphosa amehlo kwilali ezikumantla zikwangqongwe yile ntaba wofumana iilali zaseGwili-gwili, eTshoxa, eCata naseGxulu.

Phakathi ke kwilali yaseTshoxa kukho iholo yabahlali eyagxunyekwa ngowayesakuba yinkulumbuso kwelo phandle, uGqirha L.L. Sebe. Uninzi lwabahlali kule lali lwaluyisebenzisa le holo kwizinto zabahlali kambe ezinye iimvaba zaziyisebenzisa kwezenkolo. Inkonzo kaNtu yayiqesha leholo kangangeminyaka emibini khonukuze ingenele khona. Umphathi welibandla wayengakhathali nokuba usuka kweliphina ibandla, ukuba ungenile kweli bandla sele ungowalapho. Uluntu oluninzi lwaluyithanda ke le mvaba ngenxa yalo meko. Ngecawa yayigcwala le mvaba ithi mome kungabikho nendawo yokunyathela. Intshumayelo eyayibakho apho yayingathetheki kwaye abashumayeli bengathumani manzi. Abahlali bona babephokoka apho kuba kaloku ezolwimi zazichutywa ngaphakathi. Abafuna ukuthandana babeqala babonane apho, ukanti nabo banyeke ukuchitha imizi yabantu, wawubafumana kwangaphakathi apho. Loo meko yayibangela ukuba indlu kaThixo igcwale rhoqo. Babekho ke nabo babona isitshaba seZulu kuphela. Eyona nto yayitsala umdla ebantwini ngaphezu kwazo zonke ezi zinto, yayiyingoma.

Ingoma yayimenza athi umntu nokuba uxakwe yinto, athi ndiyeke mhlaba ndigoduke. Aqale amaKrestu ayibone ibengezela iJerusalem entsha. Amakhorasi ayesithi akutsho kunge uyaqhekeka umngangatho, amaZulu akrazuka kubini.

Kwakuthi kwakuba njalo aqale ayibasele ke umhlabei kube shushu neenzwane. Wayemnye ke umhlabei kwelibandla kwaye eyikwazi lonto, yayintombi yakwa Bhulo ke leyo uPhindiwe igama. Abaninzi nababemthanda babemteketisa besithi nguPhindi-Phindi. Inene emsulwa intombi yomntu yayiwuphiwe umculo iwukhupha nangempumlo. Ebesithi akuhlabela uPhindiwe kunge kuyaduduma kugqekreza imibane eGolgotha. Ebeyibetha loo holo igcwale mome lilizwi lakhe yedwa. Bekusithi akuma ngenyawo ekhwaza umsindo ozayo, kwabo bajonge isihoyo, aqale amadoda agungqe, lithi ixhego beliphethwe ngamadolo ulibone lixhuma-xhuma lisithi, "Ndiphilile ndingumqaba-qaba." Iyilo beliqala lindumzelele ezantsi suke kungekudala ulibone lixhwiphileka likrasela phezulu. Iimfama bezisuka ziqale eyazo

into, zixhuma-xhume zigila abantu zisithi ziyabona. Iziqhwalala zona bezisuka zilahle kude ezonduku zivuthulule, zikhala ngelokuba uThixo uziphilisile. Beqala kwezo zithuba ke uPhindiwe ayibasele idyokwe yakhe ngathi lihashe lomdyarho. Ubesithi akuqonda ukuba uyibasele imbiza yakhe wayibonda, aguquke umntwana wenkosi ajonge kwicala labafana, aqale amakhwenkwe amakhulu athi, “Bawo ndaphandlwa, ndaphandlwa nank’umfazi.” Abuye aguquke umntwana ajonge kwicala labefundisi nabashumayeli, suka ubone ngabo benyenyisa ikhola namaqhina bengqukruleke bekhala ngelokuba, “Ndisemtsha madoda mayihle ehlayo, mzi wam waphela.” Oomama bona babemi ngelokuba, “Inene-inene kukho uThixo apha.”

Bekuba kwezo zithuba ke apho uPhindiwe ebeyiqala ezantsi ingoma, abuye ayenyuse kunge nezo ndonga zezakhiwo zizakuwa. Kweso sithuba kanye, ubusuka uhlasimle wonke umzi kuba uqonda ukuba kuzokonakala. Babengaxoki, kuba ingoma yayingazokube ime, kwakuzakuba ngathi ngamanzi engxangxasini. Kwakunga uyaqala ukufika emazulwini umntwana, kuba wayeyitsho loo ngoma, athi ophulaphuleyo, ayengezelise iinyembezi. Wothi eyigqiba ingoma abe esithi amakholwa, “Phindi-Phindi! Sizokudumisa apha enye, emva kwenye.”

Kukwezo zithuba kanye apho wayesuka ayibasele ngakumbi ingoma, babe abantu bengasafuni kuva nantshumayelo koko bejonge ingoma. Ngalo lonke elo xesha abantu beNkosi babebile bebaleka amanzi, belibona idini leNkosi nomsindo ozayo. Yothi iphuma inkonzo babe besithi abanye sincede mfundisi qala, kukho uThixo apha. Oomama babemi ngelokuba unesiphiwo ke lo mntwana, ukanti abefundisi besithi, “Singathini ukuba uPhindi-Phindi unokusishiya.” Kwelabo icala abafana babekrweca ooyise bekhala ngelokuba baphandliwe, nanku umfazi.

Intombi kaBhulo yayingatsho nelimdaka ibisuka ithi chu-ngcembe igoduke. Owayeyijongile isihla lomgaqo wayengafunga amunce iintupha kwelokuba sisifundiswa esigqibeleleyo. Intombi le yayithe ncothu ngesithomo, inomzimba ongenalo inqatha, intsundu ngebala kwaye yayifanelwa luncumo lwayo. Yathi ekukhuleni yakhathazwa ngamehlo yaza yanxiba izipekisi. Yayisithi ke yakube izifakile isuke ibe lelokugqibela igqwethakazi. Zaqengqeleka iiveki neenyanga isenza int’wenye intombi yakwaBhulo idumisa uThixo.

Lihambile ixesha, zahamba neenyanga, kwaqengqeleka neminyaka esenza into enye uPhindiwe edumisa iNkosi. Kwathi njengokuba iqengqeleka iminyaka kwaqala kwathubeleza uMtyholi.

“Yaz’ba uPhindiwe uyazidla?”

“Yitshu phinde tshomi, yazi ucinga ukuba nguyeyedwa okwaziyo ukucula.”

“Rha, yaba ufike le cawa imile, yena sele eyenza ngathi ime ngaye.”

“Worse, ke mhlobo wam, kuba le cawa, athi uyithwele, yaqalwa ngutatomkhulu wakho.”

“Uyayazi? Yaba lonto indenza ukuba ndivaleke, kuba naku thina bantu bayo bengenandawo.”

“Sihlobo kodwa icebo liyafuneka.”

“Ingathi mhlobo wam uphezu kwento kuba nam bendicinga njalo.”

“Ucebisa ntoni ke wena?”

“Jonga usis’Mwali akamtyi la mntwana, masiye phaya emzini wakhe, khe siphalaze lentlungu yethu.”

Okunene esi sibini, uXoliswa kunye noNontlupheko, benjenjeya ukusingisa kwaMwali. Inene emsulwa yona yayithe ndii into yokuba uPhindiwe uyenza eyakhe inkonzo. Iintombi ezininzi zazisele zingasahambi naye kuba ziphethwe ngumona. Iziqhu zazibonakala ziliqela zamantombazana kuzanywa ukuwisa uPhindiwe. Indlela awayezisindisa ngayo uPhindiwe kukusuka aphume ecaweni ehamba yedwa agoduke. Ngalo ndlela kwakungekho thuba lakumrhintyela kumayelenqe ayesenziwa.

Sithe chuu ke eso sibini ngethamsanqa sifike usis’Mwali ekho. Hayi, ke bethu kubemnandi kuncokolwa sesi sithathu kungekho uphuma egusheni.

“Yho! Wacula kamnandi uPhindiwe ecaweni.” Uvakale esitsho uNontlupheko ephosa amehlo kumhlobo wakhe.

“Ungazokuthetha ngalowo apha.” Watsho uMwali efinge iintshiya.

“Hayi sisi kwenzekani?”

“Andimthandi va, ukuba kuthethwa ngomntu endingamthandiyo ngulowa.”

“Sisi, nakuthi ulinqatha koko kunzima asazi singathemba bani.”

“Mna andikhathali noba abantu bangathini andimfuni qha.”

“Ucebisa ntoni ke sisi?” Wabuza uXoliswa.

“Andikhathali noba angadluliswa amafu mna.”

“Sakubanjwa kaloku ukuba sinokumdlulisa amafu.”

“Ngubani othe sakubonwa?” Kubuze usis’Mbali.

“Kusebusuku ke kum.”

“Linye ke masincedisane, nina jongani kum ukuze nenze oko ndiniyalela kona.”

“Sisi, singabhaqwa.”

“Ukuba niyoyika, nosele nimlandela kuba nini abeze kum.”

“Hayi, asoyiki koko kufuneka silumke ukuze singabhaqwa.”

“Akukho kubhaqwa ukuba sisebenzisa amathambo engqondo.”

“Sisi, thina sojonga kuwe.”

“Inye ke into emaniyenze kukuvala umlomo sidibane ngecawa.”

Emveni kokuyalana sohlukene esi sithathu sishiyana ngamazwi okuba makubonanwe ebhungeni.

Ngosuku lwangeCawa kuye kwabuya kwagcwala kumzi kaThixo. Waqala apho ebegqibele khona uPhindiwe wanga uvuthelwe ngumoya weZulu. Babila babaleka amanzi abantu kucaca ukuba bekudala benxaniwe. Kwalile ecula njalo uPhindiwe wakrwecwa nguXoliswa wamnika amanzi ukuba akhe arhabule kuba kudala ecula. Ngenene uwathabathile amanzi lawo watsho ngethamokazi elikhulu, kuba kaloku kwakukudala ewuvulile umlomo.

Ngexesha emana ukurhabula kulobhotele yamanzi usis’Mbali wayemana ukumkrwaqula.

Wathi akumbona eyigqiba wancuma olukaBlanketi, waqala waziva esemzini kaThixo. Kwaba kukhona eyombelela ke uPhindiwe indlu kaThixo. Yathi iphuma njengesiqhelo icawa babe abantu besafuna undikho. Yabuya yathi chuu intombi kaBhulo igoduka, ingakhange ive

nelimdaka elithethwa ezikoneni. Kwathi njengokuba ihamba nje yaphawula ukuba inentloko esisimanga. Le meko yayingavamise ukubakho, koko wayiphazamisa ngokuthi makube ubethwe ngumoya ngela lixa bekhe waphuma. Uthe efika kowabo waqonda ukuba makakhe angqengqe hleze ihle.

Ngemva enkonzweni oonondaba babebambe eyabo indibano. Uvuyo olwaluphakathi kwabo yayingathi bafumene iGolide neSilivere.

“Rha! Tshomi unesibindi uyandiva.”

“My friend, belingekho elinye ithuba, ukuba bendingamnikanga ngela xesha becula, bendoba yini? Kaloku lanto inekratshi iphuma ihambe yodwa.”

“Yitsho uphinde sihlobo, wambona usis’Mbali ukuncuma kwakhe ngexesha ewasela?”

“Sana, olunjeya uncumo lwamazinyo abolileyo zange ndalubona, hayi tana akamfuni nyhani.”

“My friend, khawutsho inoba ugalele ntoni kula manzi?”

“Mtshana, andiyazi kwaye andifuni nokuyazi hleze ivuke indongamele.”

“Ikongamele ngoku sihlobo kaloku nguwe omnike amanzi.”

“Wena, ungandoyikisi!”

“Ndiyadlala sihlobo, kanti uligwala kanje?”

“Mtshana, amapolisa yenye into xana sele kushushu.”

“Akhonto sihlobo, wena thula sikunye kwaye soze sishiyane.”

Siye saphazanyiswa kule ncoko esi sibini ngamanye amantombazana afike nawo ema ancokola ezebandla.

Lihambile ixesha engabikeli mntu uPhindiwe ngemeko yokugula kwakhe. Okukhona enyamezela kwakukhona ukugula kumondela. Waqala nalapha enkonzweni wafiniza, wasuka ngoku umntu obekade ehlabela watshitshiliza. Yonke lento yayibangwa yintloko

nomqala obuhlungu. Wacinga icebo lokuphuma kuyo lemeko. Waqala wahlabela ngamexesha afunwa nguye.

Ngexesha acinge ngalo ebesuka abethe zibembini, ntathu iingoma akugqiba ahlale phantsi. Baqala abantu babheka-bheka bengazi ukuba mabathini. Abanye babeye bamkrwece kuba besoyisakala bona, abanye besindwa ziintloni zokubona indlu kaThixo isiwa likho igorhakazi lokuyiphumeza. Besithi akukrwecewa uPhindiwe suka ayitsale impumlo ajonge kanye kumfundisi, ukumbonisa ukuba yena akazokuhlabela. Bekukodwa ukusuka angaphakami nakweso situlo. Babekho oomama bebukele, bexakiwe ukuba ingaba igorha labo lingenwe yintoni. Bagqiba ukuba mabakhe bambize khonukuze bazi ukuba yintoni isizekabani sale meko.

“Phindi mntwan’ezulu sithi masikubize.”

“Ewe, mama ndimamele”, iphendule ime ngenyawo intombi kaBhulo.

“Hlala kaloku sisi.”

“Andizokwazi mama kuba ndingxamile, akhonto imbi?”

Baqala oomama bebhathi bagungqa kwanga nezo zambatho ziyabatshisa.

“Hayi tana torho, yabona wena mizana... Mamu’Ngalo bunokuwuphalaza kakuhle lomcimbi kuba ndibuyilorho wena.”

“Ingathi uwuphethe kakuhle nje tana sele uqhuba”, utshilo umamu’Ngalo kuba ebona kusibekele.

“Yabona sisi, nantsi lento, xa uThixo ekunike italente musa ukuyisa ezihagwini.”

Aqala amakhosikazi ajonga phantsi kuba eqonda ukuba uphazamile umam’Bhele ngendlela awubeke ngayo lo mcimbi.

“Andiva mama?”

“Iiperile ntombi...” umam’Bhele uphose amehlo kwamanye amakhosikazi, suka wafika ebale iinzwane onke. Uye wabila kuba eqonda ukuba impendulo ezayo izakumlingana.

“Mam’Bhele ukuba akunanto ndingakhululeka?” ubuzile uPhindiwe kucaca ukuba sele efutheka.

“Sisi mandi...”

“Andiva?”

“Ndigqibile nomizana.” Watsho umam’Bhele, ebiza amanzi kwenye inkosikazi esuke yangathi iyadubuleka ukuya phandle.

Khange abuye aphenhule uPhindiwe uye wegwiqi waphuma phandle egoduka. Basale abafazi bezingxala kulomanzi omthombo kaDavide.

“Ts! Nandiyekela bomama?”

“Yabona Bhelekazi ubuwuphetha, kwaye singafuni kumosha tu ke thina.”

Emveni koko baye bajongana abafazi bawa yintsini.

“Rha! Hayi uqaqadekile, Yeva? Andifuni kuva nenye, kodwa inye imini esidenge abazi abantu.”

“Noko andiyiqondi lento yalo mntwana.”

“Yiphi ke Cirhakazi?” Wabuza uMam’Bhele.

“Bomama yintoni imbangi yokuba lo mntwana abe nje?”

“Nathi sifana nawe, loo mbuzo awunampendulo.”

“Iyafuna ukujongwa bafazi le meko kuba zange umntu ajike oluhlobo.”

“Unokunyanisa kodwa Cirha, nam ndinayo into ethi lo mntwana uphazamisekile kwaye kukho ukufa apha.”

“Hayini bafazi, uphethwe likratshi la mntwana kuba engafumani ntshebe.” Utshilo omnye wabafazi abakule ndibano. Kwesi sithuba kuye kwahlekwa yalibaleka naleyo bibakhubekisile.

Emveni koku kuye kwancokolwa ezemvuselelo ngamakhosikazi aze abuya achithakala.

Lihambile ixesha lona lingaliyo, lahamba laxola. Lalimana nelanga liqengqeleka de liye kutshona. Kuthe ekuhambeni kwexesha kwaphawuleka ukuba uPhindiwe akasabonakali phakathi kwabantu ukanti nasecaweni sele elizinyo lenkuku. Kuthe ke kuba ezilalini azilali mbetheni zvakala ezokuba akaguli uPhindiwe ufe ephila. Baqala bagungqa abefundisi nebandla liphela besithi, “UTHixo makenze ngetarhu kumthanjiswa wakhe.” Ooqalazive

babesithi, “Akabhitye unendawo ezifuna ukucengwa.” Abo babebuya kwikhaya lakhe babesithi, “Sele emi ngentloko kuphela wona amalungu omzimba aphelile.” Abefundisi benza isicelo sokuba oodade mabakhe baphume baye kumbona uPhindiwe, sele kuvulwa nomthandazo. Okunene oodade abane bekhathwa ligosa baye benjenjeya ukuya kwaBhulo beyokuzibonela lomhlola. Ekufikeni kwabo kweli khaya baye bahlangatyezwa nguyise wentombi leyo nonina ekubonakala ukuba bafe bephila. Hayi ke bethu baye bayondlala imeko yentombi yabo sele bemana besula namehlo kubonakala ukuba kunzima kubo. Torho abantu benkosi bamamele ngokuzola, kucaca ukuba ziNgelosi zeZulu. Igosa ke, liye lacela ukuba makhe kubekwe umthandazo omfutshane. Liqalile igorhakazi leZulu eliphakathi kwabamama larhoxozisa, hayi ke bethu bayithatha bayifunqula ingoma kucaca ngenene ukuba uzakuphuma namhlanje uMtyholi. Kuthe xa ikwivesi yesibini ingoma, yavakala incwina kweligumbi alele kulo umguli. Incwina iqale ezantsi yenza isimbonono yaze yabuya yabhonga, kuvakale ukuwa kwezinto nogoqo – goqo kubonakala ukuba kunzima. Aqala amakholwa abheka – bheka kwacaca ukuba akasayazi nokuba kukho uThixo apha. Yaqala yahexa ingoma ingulowo umntu wajonga komnye, igosa ebelingasemnyango liye legwiqi laphuma, phofu ke liyokubetha amanzi. Libuye emveni kwemizuzu emihlanu, sele ikrwitsheke mpela ingoma. Ugosa uqondile ukuba icebo kukuba ayibambe kuba umgqumo owawukho wawungathi kungavela nantonina kwelo gumbi. Okwakukubi, yayikukuba wonke umntu ngoku amehlo wayewatsolise emnyango ingathi awusaphumi loo mthandazo. Ugosa uwubethe wangowona mfutshane ebomini umthandazo wokuvala. Lisiko ke ukuba xa kuzakuhanjwa acelwe ukubonwa umguli. Inene ke luvumile usapho kwelo khaya. Yabuya yanguhintsi – hintsi ukungena ngaphakathi ingulowo esithi ngamehlo ngena wena. Uye waqina ugosa wangena, balandele oomama. Ibengumzuzu, babuya bavela sele becela ukukhululeka beshiya uThixo ngemva ukuba makabancede. Apho endleleni khangela kubekho uthetha nomnye koko ibengulowo nalowo wawazi umnyango womzi wakhe. Umam’Bhele naye bephakathi kwelo gqiza, uqondile ukuba makasele egqithela kwamfundisi kuba umzi wakhe wawungekude apho.

“Nank’umntu.” Utsho sele ngaphakathi uMamBhele.

“Tyhini nguwe Bhele? Ngena dade, ngena mntu weNkosi.” Utshilo umfundisi etsala isitulo ukuba bahlale.

“Mfundisi siphuma phaya kwaBhulo”, utshilo umam’bhele emaphikana.

“INkosi yam, inisikelele.”

“Mfundisi kubi kwela khaya.”

“Kwekhu, zambi ke ezi ndaba uza nazo, Bhele – Bhele.”

“Mfundisi lusizi oluya ndilubona phaya.”

“Qhuba Bhele-Bhele.”

“Ndikufungisa amaBhele ephelele.”

“Uthini ngoku?”

“Zange ndayibona into enjeya.”

“Uthini kum? Qhuba Bhelekazi.”

“Ndikufungisa amaBhele ephelele, sifike lamntwana elumonqo.”

“Uthini ngoku, qhuba Bhele-Bhele.”

“Sithe sakuqala ukucula, seva izwi lahagu exhelwayo itswina kweligumbi akulo.”

“Uthini na Bhele? Madoda ngumhlola, qhuba Bhele.”

“Ndikufungisa amaBhele ephelele.”

“Hambisa.”

“Uphelile la mntwana mfundisi, ubhitye ufe ephila.”

“Thixo, Mkhululi waboni.”

“Into endiphazamisayo mfundisi ngamandla, hayi tana unawo, yabona njengokuba ebhityile uthe akuva ingoma, wagibisela yonke into esekamireni phantsi evungama okwenja abuye abe yingonyama, saqala singamakholwa sathi uSathana uzokuphuma saqinisa aph’engomeni.”

“Tsi! Amagorha eZulu, ntombi zaseJerusalem.”

“Ndikufungisa amaBhele ephelele.”

“Qhuba Bhele-Bhele.”

“Mfundisi sithe sakungena kweli gumbi akulo umguli, siyibasela ingoma, suka wema ngenyawo umntwana enganxibanga eze njengoko wazalwa.”

“Hambisa Bhele-Bhele ndiphulaphule.”

“Uye waziphosa eludongeni elukhaba ngeenyawo ngathi ufuna ukugqobhoza aphumele kwelinye icala, ndikufungisa amaBhele mfundisi wam.”

“Bhelekazi cacisa.”

“Mfundisi oko ndaba ngumntu zange ndazibona iimbambo zomntu, ndithe ndakuqwalasela ezantsi komsintila ndafika kukho ugqamsholo lwento engathi ngumsila.”

“NguMtyholi Bhele-Bhele uze ngokwakhe, uze ubuqu.”

“Kunjalo mfundisi wam kwaye kufuneka uyile kwela khaya.”

Kwesi sithuba umfundisi ucinge iqhinga ngokukhawuleza lokuba makamkhulule umam’Bhele khonukuze le nyewe ingaweli ezandleni zakhe.

“Bhele ndilinde umfundisi uNgondo kwaye ke bendingekalungisi.”

“Ndiyakuva mfundisi.”

“Kwaye lo bumbona nguSathana ngokwakhe uze ubuqu ehlabathini eze kulibulala”, uhlasimle wenjenjalo umfundisi kucaca ukuba usisi thukuthuku bubushushu.

“Mfundisi wam.”

“Uthi ubone umsila?”

“Kunjalo mfundisi wam.”

“Bhele nguMtyholi uziguqule, yabona ke le meko ifuna mna, besele nditshilo ndathi kuwe kukho umfundisi endimlindileyo, yiya ke kuMthandi inceku yeNkosi, uthi ndithuma yena kwela khaya ukuba ayokukhalima.”

“Ndiyakuva mfundisi kodwa...”

“Akufuneki kodwa apha, Bhele ngamandla eZulu afunekayo, yiya ngomyalelo wam.”

Uphumile uMamBhele wenjenjeya ukuya kwaMthandi wafika wayandlala imeko njengoko ebeyalalwe. Emveni koko uye wagoduka kuba eqonda okwakhe ukugqibile. Kwelakhe icala umfundisi usale etsala ucango. Uye wabiza inkosikazi yakhe wayinika umyalelo oluqilima wokuba aze angaphazanyiswa uzakukhe athandaze, nokuba ngubani omfunayo zekuthiwe akakho. Ungene kwigumbi lakhe lokulala wavala, uye wonda phantsi kwebhedi watsala igranqa yakhe wabetha amathamo amabini avakalayo.

“Tsii!!! Madoda ndingayini ukuzingombisa ngegeza ebudaleni.”

Emva koko uye wakhwela phezu komondlalo wakhe wabetha ithatha.

Emveni kokumamela ingcombolo ayichazelwe nguMamBhele uMthandi uye waqubula intonga yakhe nebhayibhile wenjenjeya ukusingisa kwaBhulo. Inye into abenayo endleleni uMthandi ngumthandazo omfutshane. Ekugalelekeni kwakhe kwaBhulo ufike sele kuqoqoshiwe, naye ke bethu uzazisile wasele ecela ukungena kwigumbi lomguli. Uvunyelwe waze wangena, ekungeneni kwakhe uye watsala isitulo waza wahlala kufutshane nomguli. Uye ke waqhubekeka nomthandazo wakhe omfutshane ongaphumelisiyo. Ngelingeni livakele ilizwi lomguli.

“Tata ndiyafa.”

“UThixo ngowethu sonke, mnta’am kwaye usithanda ngokulinganayo.”

“Tata intloko iyandibulala kwaye ndigqitywa nangumqala.”

“Ndiyakuva ntombi yeZulu.”

“Ndibethwa ngumculo.”

“Ndimamele ceku yeZulu.”

“Uthi wakuphila suka ndibe ngathi ndikwiziko lomlilo, umqala utshise intloko iqhekeke kubini.”

“UThixo uyasiva isikhalo sakho.”

“Ndivaleke nasekutyeni.”

“Ndiyakuva mntwana weNkosi.”

“Ndicela ukuthandaziswa, uThixo andihlangule khonukuze ndibuye ndimdumise, ukuba ngumntu owenze oku, awabone amandla kaThixo ukuba akadlulwa.”

“Okukhululwe emaZulwini kukhululwe nasemhlabeni, uSathana akanamandla.”

“Enkosi tata.”

“Emasikwenze kukuthandaza sicele kuThixo akukhulule kuyo lentlungu, akubuyisele kwindawo yakho akubekele yona, phakathi kwethu ubuye usiculele.”

“Sele ndikhululwe.”

Kwesi sithuba uMthandi uye waguqa ngamadolo ebamba isandla sikaPhindiwe.

“Thixo, Bawo Mkhululi waboni...”

Simanga Sani Na Esi?

Ngaphesheya komlambo xa ujonge ngasentla elokishini, wothi wakuxwesisa amehlo uwaphose ngaphesheya wofumana uludwe lwezindlu, ezifumileyo nezibandayo. Le ke yilali yaseGxulu kuQobo-qobo. Kumzi ongezantsi komfula owawunamanqugwala amane noxande, kwakuhlala khona unyana kaSipoponi umfo waseMaNtshilibeni, uZiwelele igama. Mfo lo wayengafume kuyaphi kodwa ikati yayisoloko isebhotolweni. UZiwelele lo nenkosikazi yakhe uNomatshisi babelizwe ngomntu omnye kuphela emhlabeni ityendyana ababeliteketisa ngokuthi nguKlesbhi. Eligama lalisukela kwinkwenkwana yeBhulu uZiwelele awakhe wahlangana nayo eRhawutini, uKleinbaas. Aba ke yayingabahlobo abakhulu de uZiwelele wathiya unyana wakhe ngalo. Elonagama likaKlesbhi lenkobe yayinguZungezile Sponono. UKlesbhi ke ukhule kwelo khaya enikwa yonke into de waqabela ebukrwaleni.

Kuthe ekuphumeleleni kwakhe ibanga leshumi, waya kwikholeji yoqeqesho zititshala eMdantsane, i Dr. W. B. Rubusana Teachers College. Abafundi abaphuma kule kholeji babephuma kumaphondo ohlukeneyo kwaye beziphatha ngokungafaniyo, naye ke wazeka mzekweni. Ithamsanqa yaba kukuba wayibetha wayifinca loo minyaka mithathu kodwa wona umonakalo wawusele uthathe unyawo. Ekubuyeleni kwakhe ekhaya wafumana ubunzima ekufumaneni umsebenzi kodwa walinda ngethemba. Koku kulinda kwakhe uyise waphawula nto ithile eye ayamphatha ngendlela.

“Hee, mfazi noko andiyiqondi lento.”

“Yiphi ke tata?” Ubuzile uNomatshisi ngexa bephumle phantsi komthi phambi komzi wabo.

“Le yale ntwana.”

“Uyanditshonela ke ngoku.”

“Hayi, maan akuboni na wena?”

“Intoni, tata?”

“Si abafazi, ukuba ibilihlebo lelali elo ngekudala ulazi!”

“Kaloku nanjengomntu osele ubonile cacisa.”

“Sekhe wena weva ilizwi elincinci kweli gumbi lale ntwana?”

Kwesi sithuba uye wenqumama uNomatshisi kucaca ukuba ucinga kude.

“Yazi’ba wena uthetha into esoloko ndizibuza yona, kanti nawe uyiqwalasele?”

“Yabona ke mfazi ukuba kunjani ukungathethi?”

“Kunjalo, mna soloko ndibona encokola nalaa mfana waseMaqwathini, uNjongo.”

“Nantso ke mfazi maphi amantombazana, okuncokola?”

“Hayi, kaloku tata, abahlobo ngabahlobo kwaye bakhula kunye bebekunye nasesikolweni.”

“Ndikuva ngqo kodwa ndiphawule into ngentseni izolo, lo mfana ephuma kweli gumbi lakhe.”

“Uthini ngoku?” Wabuza umfazi ebambe umlomo.

“Ndikufungisa ubawo elele kwelokuphumla.”

“Tata, makhe simbize hleze kuthi kanti kukho nto singayiqondiyo suka thina singxame kanti akunjalo”, watsho wekhwasu umfazi wajikela kwelinye icala wakhwaza yabuya impendulo.

“Coming, Mommie.”

Ubuyele esitulweni umfazi wahlala ecaleni komyeni wakhe. Kube ngumzuzu belindile suka kwegqi into entetyezayo ukuhamba, yabe inxibe ibhulukwe emhlophe ethe nca izobe lo mzimba ungezantsi, yayifake nehemphe embala ubuthubi icwayiza ngeenyawo ezikhazimlayo kubonakala ukuba aziwazi umhlaba, kuzwane ngalunye kwakufakwe icici kuqondakala ukuba lelemali. Kwesi sithuba wothuke waqikileka ngomqolo uZiwelele akubona inkulu yakhe isithi gqi intetyeza. Uphakamile wavuthulula wabuya wahlala phantsi. Uphakamise amehlo wajonga esisimanga siphambi kwakhe.

“Mfazi, nceda undiphathele la mphantsi webhedi mhlambi zingabuya iingqondo kum.”

Uthe khwasu kwakho umfazi wangena kwelinye inqugwala wabuya ephethe ibhekile. Unyana ebesame bhunxe phambi koyise ebambebele esinqeni engathethi, utata ejonge phantsi enikina intloko.

“Bamba tata.”

Uyithe hlasi loo bhokile uZiwelele igcwele iphuphuma wabetha entloko umthamo ovakalayo, uthe xa azakuyibeka phantsi suka nenkosikazi yonda ngayo, hlasi guntyu, guntyu yehla ibhekile yabekwa phantsi.

“Kwedini, hlala phantsi!” Utshilo uZiwelele kucaca ukuba ubufudumala.

“Where, papa?” Ubuzile unyana ngelizwi likamamlambo

“Ngunywee pari waphi ke ngoku lo uthethe ngaye, Thixo yenye ke le kwelikhaya!”

“No daddy where do I sit please, darlie?”

Uqhwebane izandla uNomatshisi xa kulapho, logama uZiwelele evule umlomo exakwe nakukuphefumla.

“Dad, mom, let me put you at ease, I am living my life and I like it, sorry if you don’t approve darlie, that’s just it, but I love you both.”

“Hak, heke, uthini kwedini?” Wabhuda utata.

“Oh, if there is nothing to discuss, I would rather leave I am waiting for Jey to take me out tonight.”

“Yintoni ke leyo?” Wabuza uNomatshisi.

“UJey, mamie, nguNjongo.”

“UNjongo?”

“Yes, daddy he is my man.”

Ubuye wayakuthi qikili uZiwelele wabuya waziphakamela, uthe xa aphakamisa amehlo wabona isinqe esintetyezayo sijikela emvakwendlu wabuya wayokuthi finini ngomqolo. Umfazi uthe ngexesha emana ukuwa uZiwelele suka wehlasi ibhekile wangena kakhulu kuyo. Ubuyele esitulweni uZiwelele iqebe lomfazi lijonge phezu.

“Wenzani, wenzani?”

“Tyhini, wabuza kum ngento zakowenu, nini abanjeya kowenu!”

“Ndibuza wenzani etywaleni bam?”

“Hay, torho tata ngumothuko, lwatsho nonxano lwathatha indawo.”

“Nomatshisi yintoni le uze nayo kweli khaya, emzini kabawo?”

“Tata, nceda ungadyobhi ibhotolo yakowenu kum.”

“Abanjeya, rha! Ubhanxekile yaba akuziva, ugeziswa yilento usela nam, rha! Phakama ham’bhobiza ubhuti phaya, bobabini beze apha ngoku yithi kukho umamlambo okhoyo, uchaze ukuba ndinayo negranqa.”

Ubambe isidima umfazi waphuma ngeheke kodwa kucaca ukuba amadolo wona ayanikezela.

UKlesbhi utyibhize ngeso sinqe sikanomeva waya kungena kwigumbi lakhe lokulala. Hayi, ke bhuti lalingumbono webhokisi ke lona. Uyise wagqibela lingapeyintwanga kodwa ngoku lalipeyintwe ngombala obuthubi, laza apha eluphahleni lafakwa inkabankaba yesipili egqibe uphahla lonke. Wayesithi umntu ukuba ulele kulo azibuke ubuhle kweso sipili. Phezu kwebhedi kwakukho oonopopi abathathu abakhulu, owebhere omhlophe kwakunye nemibini yehlosi. Entanyeni kwaba nopopi kwakujinga amatsheyina esilivere abhalwe, “I Love U Klesbhi Wam.” Indawo yokufaka impahla yayimhlophe wee, kwaza emgangathweni kwafakwa ufele lwegusha nalo olumhlophe, lento ke yabangela ukuba igumbi libe lele nkosazana yasesihlangwini. UKlesbhi ufike waziphosa phezu komondlalo wakhe kucaca ukuba ukhubekile emphefumleni. Uye wehlasi umkhala emthunzini wakhe wacofa. Ukhale kabini kathathu lavakala ilizwi.

“My sugar, my baby girl how are you?”

“I’m hurt dear, please come and be with me, I need you please, please.” Unkwinize njalo uKlesbhi exelisa ikati.

“I will be there my luv, I will be with you forever.”

“Please dear”, utshilo uKlesibhi kubonakala ukuba naxesha liphi angasitsho esika Rarheli. Emveni koko uye wavuthela apha kwimfono-mfono yakhe umoya wothando wayicima.

Kwesi sithuba ugqibe ukuba makasele ipilisi yokulala waze wazigquma.

UNomatshisi uhexeze wayakufika emzini womkhuluwa kaZiwelele, ufike ngethamsanqa ekho omabini amadoda. Uye wangena wevu phantsi, phofu eziphosa.

“Sisi, walapha uphi umtakwethu?” Ubuzile uMagaqana kuba nguye inkulu kumadodana amathathu, uMagaqana, uZiwelele noMaxelegwana.

“Ndithunywa nguye, bhuti.”

“Akhonto molokozana?” Wabuza uMaxelegwana.

“Kwedini, yintoni ngoku uqale nini ukuhlaba imibuzo wena?”

“Bhuti kaloku...”

“Hayi, akho bhuti apha phendula sele ubuza nje ungakanani kum?”

“Bhuti...”

“Akufuneki bhuti apha akundalekeli nokundalekela, uthetha xa ulinikwe ngubani igunya.”

“Bhuti, noko mkhuluwa uyakhubekisa...”

“Unayo indlu, unaye umfazi, umdala kodwa akunanto.”

“Bhuti uyandithuka, hayi mkhuluwa uyandithuka...”

“Umbuzo waba sisithuko kuwe, thula kwedini nangoku uyaphendula, uphendula ntoni?”

Ibe ngulo phantsi phezulu kwesi sibini, kuhliswana ngemibuzo yena uNomatshisi sele eyinto entanyazisa intloko ephosa amehlo kulo ibuye iwaphose kulowa. Kuncede ngokusuka kungene uNomagqwetha umfazi kaMagaqana ukulamla loo meko.

“Tata, sele umyeka ke bethu umamele le ithethwa ngusisi.”

“Ewe, ndiyeke bhuti, kuba ndodinwa kusoloko undiyuca, nam ndoziphosa ngelinye ilanga.”

“Rha! MaXelegwana, yithi gwigqi ndikucande kwedini, rha ndakucanda uyamazi uMaqagana nasezilokhweni mna ndiyaziwa, Yhu! Yhu! Utsho kuMbosholo kadlalani onjengam rha! Phu Maxelegwana kwedini ndakucanda, ndakubetha ungazazi negama lakho kwedini.”

Uye wagungqa uMaqagana kucaca ukuba uthunukiwe, kodwa kwakunzima ukuphakama kuba unkabi wayedlulile kwiminyaka engamashumi asixhenxe.

Uthe khwasu kweso sithuba uMaxelegwana wayakuma phantsi komthi othe qelele nexande eli bekuthethelwa kulo.

“Tata, ingenaphi ke le kadlalani? Kodwa ke sele unceda usisi hlezele kuthi kanti uyaleqwa.”

“Unyanisile ke mfazi, sisi uthini umntakwethu yeka wena lentwana isileyo.”

“Bhuti, akhonto, ngaphandle kokuba becela ukuba uvele phaya kuye endlwini”, watsho esithi...”

“Sisi yithi kumntakwethu ndibuxakeka kuba mna nale ntwana, ufika silungiselela ukuya phakwa... kwabani nkosikazi kanene?”

“Hayi andazi khangе nithethe nto kum.”

“Bhuti, uthe maze ndithi unetakane analo nakulukrwitsha kunye.”

“Yabona ke le ntwana, masele ndiwuyeka lo msebenzi bendizakuya kuwo ndileqise lo, kaloku wena molokozana lentwana sashiyelana ibele, ayikwazi ke xa ixakekile kungenjalo indifuna suka ndiyiyekele.”

“Tata, bendingavuya ukuba ndinokuhamba nam kuba kukho into ebendingwenela ukuyithetha nosisi.”

“Ndakhe ndahamba nomfazi kwinto zam?”

“Sele umyeka bhuti ngenene ikho into ebesizimisele ukukhe siyichube.”

“Hayi ke molokozana, ndosele ndirhoxa xa usitsho, biza ke nale ntwana, kuba andikwazi kuyishiya yintonga yam esekhosi leya.”

Baphume ke sele kumnandi kwelo gumbi aba besingise kwaZiwelele.

UJongi uye ngokukhawuleza kulo Klesbhi kuba wayeqonda ukuba ukho umonakalo. Wayenxibe ibhulukhwe ebomvu ethe nca, ihempe emnyama kwakunye nezihlangu ekwakuthiwa ngo “Liewe Heksie” ezazitsho ngempumlo etsolo. linwele zazingathi zimuncwe lithole zithe nca apha entloko zibengezela okwezo zamagqwirha amathathu kwincwadi uMacbeth.

“My love, what is wrong?” Utsho emwola uKlesbhi, naye ke waliphelazana wazinikela.

“My dad, I hate him, my dad...yes, yes I hate him”, wankwiniza njalo uKlesbhi.

“What happened dear?” Watsho uJongi, osele ezitshintshe igama engu J.Jey.

“Jey, ufuna ukwazi ukuba ithini into yam.”

“What a crap, what is the meaning of that?” Batsho behlala ebhedini aba babini kucaca ukuba ilizwe lincinci kubo yaye kubuhlungu.

“Oh! How I wish we could just leave.”

“My dad asked me the same question the other day, what a joke”, utshilo uJongi kucaca ukuba naye unezakhe ezimongameleyo.

“They want to separate us dear, why, why?” Utsho esithi nca kwisifuba sikaJongi uKlesbhi kubonakala ukuba akabuboni obunye ubomi.

“I will not allow that, I would rather die.”

“No, please don’t talk like that Jey, what will happen to me, oh, I will die myself.”

Kweso sithuba kuye kwavakala umntu enkqonkqoza emnyango.

“Oh, please do leave us alone.”

Okukhona bengaphenduli kwabe kukhona kuqinisa ukungongozwa kwecango. Uye wazincama uKlesbhi waphakama waya kuvula ucango sele enyibhilili zinyembezi nodaka lobuso burhiphizekile.

“Yhoo! Madoda yintoni ngoku le? Simanga sani ke esi? Yhoo! Yhoo...” Utshilo uMaxelegwana emi phambi komnyango.

“Do you hear that, my luv, do you hear that, now I must stand and be abused?”

“Kwedini, ngunyehop waphi ke lo uthetha ngaye, khona u nyoluv ngubani? Uyabizwa nguyihlo, yabona uBhuti sasithe likho isiko aliphosileyo sele unje!”

Kwesi sithuba kuthe gqi u Jongi wema emva kwentokazi yakhe.

“Thixo! Thixo, madoda yenye ke le kulo mzi kabhuti, wena kwedini ka...”

“What is wrong with you people?”

Akaligqibanga, wegwiqi uMaxelegegwana ebaleka lomilenze yakhe igoso sele ingathi livili. Ufike kwigumbi abahleli kulo abakhuluwa bakhe waziphosa.

“Bhuti galela, nceda, khandiphinde undithi chatha kulanto, mhlawumbi ingqondo zingabuya...”

“MaXelegwana kwedini uyagula, sikuthume, ubuye sele uphambene ingqondo.”

“Bhuti andiguli kodwa into endiyibonileyo indenza ndifune ukusela ngakumbi, nceda galela mkhuluwa.”

“Galela ntokabawo sizova kakuhle lentwana ithini.” Utshilo uZiwelele.

“Andiseli nabantwana ke, yeyokugqibela kuwe le...”

“Hayi, hayi bhuti ndiyala, mna ndisele isichenene uthi yonke ibhotile yayenu, hayi...”

“Yabona ke Ziwelele? Lento soloko ndikuxelela yona, yabona lentwana inyuka nengalo ngoku.”

“Kwedini, ngubhuti lo uyaphendula ngoku kuye, wakugqiba ukuba mncinci, khona usela nathi kwezi ntsuku? Galelela mna mkhuluwa ungabi sayigalelela le ntwana yaliwa, yimbeko.”

“Yabona wena Ziwelele ndikuthanda ngenyani nokuba kunjani inyani unayo kwedini ufuze mna, le bhotile yeyethu sobabini yakuthi xa isehafini ndiyivale ndigoduke nayo ukuze kusasa ndibe nento yokucinga izinto zakowethu.” Utshilo uMagaqana encumile ethungela uZiwelele.

“Noko Tata isephezulu, mpheni naye ubhuti ze kamva sive le ayibonileyo.” Utshilo uNomagqwetha ngelizwi elipholileyo.

“Jonga mfazi, andixoxi namfazi izinto zakowethu yeva, lentwana sele ingeva nje nguwe kanye, soloko ungenelela.”

“I-hintyana ke Tata nje ukuze naye akwazi ukuba semcimbini yini, yise wabantwana bam.”

Kwesi sithuba kuye kwabonakala esihla kwigwele abekulo uMagaqana, wathatha ikopi wayithi gabhu wadlulisa kumtakwabo ongakhange athethe osuke wayibetha entloko yonke wahlasimla.

“Njengokuba uyigqiba unethemba lani?”

Akubangakho mpendulo kuba uMaxelegwana wayejonge ezantsi ehlasimla kucaca ukuba umnqala kudala ugquba.

“Kwedini besikuthumile.”

“Phi?”

“Kwedini usibhanxa sikuthume ukuba ubize le ntwana ubuya ubaleka ngoku ubuza kwamna ukuba sikuthume phi?”

“Indoda ithume enye indoda, bhuti undithatha njani?”

“Nantso ke, nantso ke, yima, yima ndizakulungisa kudala ndithetha nawe kwedini ndiyabona wena uavumbuka umlibele yima kancinci.” Uphakamile uMaqagana kodwa wabuya wevu phantsi kuba iblanti yayinyukile kuye.

“Ziwelele bamba lentwana uyizise apha ndiyayazi mna into etyiwa ligqirha.”

“Tata ndicinga ngekhe ndiye ngokwam, kuKlesbhi ndimbize.”

“Yitsho usiya, kuba kuzochitheka igazi apha.”

Uphumile uNomagqwetha kangangemizuzu emihlanu wabuya ehamba noKlesbhi kwakunye noJongi. UKlesbhi wayeseyilo nyhididi ebusweni kubonakala ukuba khange abuye ame oko ekhala. Wothuke wacimela uMaqagana esakubona lombono wekati nekatazana emibalabala.

“Nantso ke, mna bendizokuthini ukucacisa lento...”

“Thula...” Utshilo uMaqagana ephinda ephosa elinye ithamo entloko.

“Bhuti, nantso ke into ebendikubizela yona, ngulo mamlambo kunye nokati lo umbetshembetshe kulo mzi kabawo.” Watsho uZiwelele enikina intloko.

“Daddy, why do you bring these people to me, what is it that I have done?” Wabuza uKlesbhi ethe nca kuJongi esifubeni.

“Le ntwana ayisakwazi nokuthetha isiXhosa kwezi ntsuku, ngubani khona lo uzifake kuye kwedini?” Wabuza uZiwelele.

“This is my future husband, ngumyeni wam, sizotshata”, waphendula uKlesbhi.

Hayi ke madoda yaqala ingxuba kaxaka, uye waya kuthi bhulukuqu uMagaqana, phofu ekhatshwa butywala abuselileyo, waxhuma uZiwelele wema ngenyawo eqhwaba izandla okwebhinqa yena uMaxelegwana ufumane ithuba wethaphu ibhotile wabetha ithamo elikhulu lomzuzu besothukile wabuya wayivala ibhotile wayinyengeza.

“Kwedini yini le, ihlazo elinje emzini kabawo, yini kwedini ufuze bani, ngubani osekhhe wambona kwelikhaya esenza lento?” Wabuza uZiwelele sele naye ecuntsula kwinto yabantwana kodwa kuqondakala ukuba eqhutywa yiblanti.

“Tata I am gay, I love J.Jey please, yamkela.”

“I also love your daughter, andizenzi ndiyayithanda intombi yakho tata.” Watsho uJongi. Emveni kwala mazwi uye wamwola uKlesbhi bangana.

Kuviwe ngesithonga gungqu kanti kuwa kwakho uMagaqana ebuyela kwakho eluthulwini. Kwesi sithuba uZiwelele uye wehlasi ibhotile waya kuyo emqaleni engakhange agalele. Uye we vhu phantsi wabheka-bheka ekhangela inkulu yakowabo wafika itatsalaza phantsi. Uye wolula isandla ukuze iphakame. Iye nayo yaphakamela ebhotileni yatsho ithamo elivakalayo.

“Bhuti thetha, ndikubizele lento.”

“Ndithethe ntoni mfokabawo?”

“Bendicinga mna ukuba masibakhulule abantwana khonukuze nabo bonwabe, sibomeleze kuthando lwabo.” Utshilo uNomagqwetha ethethela phantsi.

“Unxilile, ungena izinto zelixhaya ngoku, Nomagqwetha?” Wabuza uMagaqana.

“Tata ingxaki kukuba, xa sinobagxotha sibagxothela phi? Ingabethu nje, kwaye sibathumela phi? Kubani? Ikhaya leli, ngabethu.”

“Lilonke sisi uthi ngunyana wam lo uneblukhwe ethe nca nenwele zethole?” Wabuza uZiwelele ebufudumala.

“Unalo icebo ke bhuti?”

Kwesi sithuba kuye kwecwaka endlwini kucaca ukuba kushushu kwaye kunuka nomphanda apho. Amadoda omabini aye ajonga phantsi kungade kubekho iphakamisa amehlo.

“Kambe xa nibagxotha bhuti, nithi mabaye phi, lonto ithi nam nakundigxotha kweli khaya?” Kubuze uMaxelegwana eyengezelisa amehlo.

“Andiva Maxelegwana, uthini ngoku?” Wabuza uMaqagana kubonakala ukuba wothukile.

“Nithi ndingade nditshate nje yintoni? Nam ndinje!”

“Praise the Lord, my handsome uncle.” Watsho waziphosa uKlesbhi kumalume wakhe uMaxelegwana bawolana belilelana.

Ibe ke ngugeqe-geqe, bhum, mbhakra kusiwa abantu macala omabini.

Thando Nyana Wam

Kumadoda ayehlala kwingingqi yaseZwide eBhayi babembalwa abantu ababengamazi uThando. UThando wayeyenye yaloo madoda ethi ukuba ijongiwe, kusalwe kuhletywa ngayo, kungenjalo athi esateketisa usana, suka lufixize. Kwiminyaka emininzi eyadlulayo wayesaziwa njengomdlali obalaseleyo kwezombhoxo. Iqela awayelidlalela iSpring Rose, lalisaziwa kakhulu kwaye igama lakhe lalingqisha entla, limelana namadoda amakhulu afana noPeter Mkhatha kwakunye noCheeky Watson. Ubumbhalasane bakhe kweli qela kwabangela ukuba achongwe kwiqela elimele ingingqi, i-KWARU. Oku kwamenza ukuba adume ngakumbi kuba mihla le, babedlala kumaphondo ahlukeneyo, baze babuye nodumo.

Kolo dumo lwakhe waba nenzwakazi ethe ncoo kuye emphefumlweni, akalibazisa ke wazimanya ngeqhina lomtshato kunye nayo. Akubanga kudala bekunye baye balizwa ngabantwana abathathu uBusisiwe, Fafa kwakunye noLerato. Ubomi ke ngeli xesha babuyibhotolo bekwimpepho ephezulu. Kwathi esemdlalweni ngenye imini uThando wenzakala edolweni nto leyo eyabangela ukuba kubenzima kakhulu kuye ukudlala kwakho. Uye wancama wayiyeka ibhola waze wafumana isingxungxo kwinkampani eyenza amatayere. Kwaba ngathi ke wambathwe ngumdintsi, kuba uthe kunyaka wokuqala elapho lwaqala uqhanqalazo baze bagxothwa bonke.

Nangona uThando engekayifinci iminyaka engamashumi amathathu ubungafunga umunce iintupha ukuba uqabele kwiminyaka engamashumi amahlanu. Lo mzimba ubusoloko ulushica ulolongwa wasuka wagogeka okowenkothovu, iintlontlo zakhawuleza ukuzikhuthula iinwele zakhe wabuya wagogeka ngakumbi. Iinxwaleko zamembatha ngokumembatha wanga angacela umhlaba umginye. Eyona nto yayimngqiba kakhulu kukungaphangeli nokusoloko ekhongozela emfazini. Yaqala ke ngoku nentombi yomntu yabonisa ubuyona, savela isimilo esingesiso.

“Thixo wam ndidiniwe, ndondle-ndondle nexhego”, ebevakala ngamanye amaxesha egrwexula njalo umfazi ekwigumbi lokuphekela. Emva koko kokhala icephe nesitya kwigumbi lokuphekela suka kucinywe isibane kuyokulalwa engakhange akhothiswe naphantsi. Ngalo lonke elo xesha wayesuka abukele umabonakude uThando suka azibhaqe sele elele kweso situlo. Ibuye yenza enye ngoku inkosikazi yasuka yaphuma kwakweli gumbi balala kulo yaya kuzifaka kwigumbi labantwana. Oku kumtsho uThando waminxeka emphefumlweni wasuka wasisithunzela nje esingavuli mlomo koko silale kweso situlo siphambi komabonakude.

Nakubeni wayezithulela uThando umfazi wayengayekanga ukumombelela ngezithuko.

“Kazi lo wowufuna nini umsebenzi? Amanye amadoda ebila nje.”

Asikuko nokuba uThando wayengawufuni umsebenzi. Mihla le wayevuka kweso situlo amengentseni phambi komnyango womzi wakhe. Abantu babedlula phambi komzi wakhe, kambe abanye sele besebeza. Nakubeni engabeva wayeyazi into abayithethayo imkruna ngakumbi, kodwa icebo lalingekho. Ngentsimbi yesixhenxe nkqo iyakuthithu indoda ethengisa iphepha ekoneni. Yothi gqi sele incumile kuba isazi ukuba umhlobo wayo ulindile. Esi sibini sasikhula kunye kwingingqi yase Veeplaas, saze sangenela amabanga apho kwisikolo esinye. Bohlukana ke ngokuba bekhula kodwa ubomi babunzingi-nzingi macala.

“Sekunjalo Mazaleni”, indoda yephepha yomkhahlela njalo uThando.

“Nakuwe Jolinkomo.”

“Akhonto mntwan’nkosi.”

“Sesezolo Mazaleni.”

“Nakum mhlobo wam.”

“Ezi zinto wena Mazaleni zenzeka zibuye zidlule.”

“Yitsho uphinde mfo wakuthi, wakuva into wena uncede undazise.”

“Ndindlebe zonke wena”, emveni koko yokhupha iphepha langentseni indoda imnike. Le ndoda yayingasajonge nentlawulo kuba isazi ukuba uThando imeko yakhe imaxongo. Emveni koku uThando woncuma athathe iphepha angene ngaphakathi. Olo ncumo yoba lolo kugqibela kuba eyakubuya ancume kwakho xa ethatha iphepha ngentseni kusuku olulandelayo. Ekungeneni kwakhe uThando wokhawulelwa sisaqhwithi ngaphakathi.

“Rha! Ndazenza, vha?” Yodwaxabula njalo inkosikazi ikwelinye igumbi.

“Ngantoni mama?”

“Thula!!! Thula andithethini nawe”, wohlahlamba njalo uNobantu, kunge uqala phantsi ukuvutha.

“Thixo wam, andazi undizondani? Yini endayenze kuwe, Yhu! Ndafa esinje isihogo!”

“Nobantu, sukukwekwa, ukuba uthetha nam yitsho uyeke abantwana”, wotsho ngeliphantsi

uThando.

“Bendithe ndithetha nawe, Rha! Uvuthelwa kum, wakugqiba ukuxakwa kukufuna umsebenzi, mna ndipixa imini yonke wena uthe nqeke, imali yesikolo iphuma kula magxa, nokutya kwalendlu kuphuma kum, ngoku unesibindi sondiphendula, hamb’ofuna umsebenzi bhuti.”

La mazwi ayemtsho uThando anga angangcwatywa ehleli. Wayesuka awutshixe umlomo kunge akakho. Hayi ke, inkosikazi yomombhelela, ixhentsa suke uve ngombha! Wecango kanti usapho lumkile. Ezintento zamenza wabuyela emva nasempilweni uThando wasuka wathi beyindoda ezivayo wajika wanguDengana. Ngaphakathi wayesisibingi-bingi sento elijacu. Inye into eyayimomeleza kulo meko ngamazwi kanina osele wagoduka.

Thando mntwan’am ithi incwadi elungileyo, “OSUKUBA ECELA NGEGAMA LAM WOFUMANA.”

La mazwi ayesoloko enkenteza njalo ezindlebeni zikaThando, wayezixelela ukuba kolunga ngelinye ilanga. Nakubeni waye fumana iphepha rhoqo uThando inye indawo awaye ayifunde yindawo yokufuna imisebenzi. Kwathi ngelinye ilanga esaphengulula njalo uThando, wathana gaga namagama amakhulu, Debt Collectors Needed. Uye waguqa ngamadolo watsho ngomthandazo omfutshane.

“Bawo, khandinike elo thuba Nkosi yam...Amen.”

Emveni kwamazwi uye wazilungisa wakhawuleza ukuya kwindawo yokukhwela ii-teksi eziya edolophini. Ngalo lonke elixa ehamba uThando amazwi omzali wakhe ayenkenteza ezindlebeni zakhe.

“OSUKUBA ECELA NGEGAMA LAM WOFUMANA.”

Uthe akufika kwindawo yee-taxi walinda. Ngaphesheya kwindawo awayemi kuyo kwakumi isikolo samabanga aphantsi. Uthe akujonga wabona ukuba abantwana abangena kwesi sikolo babengajongwa mntu kwaye indawo le yaye igcwele izithuthi ezihla zinyuka. Nezo zazizobathula zazifika zibashiye nje zingabanekeli ukuba bangenilena abantwana. Lento uThando wayijonga nje akayifaka ngqondweni kuba wayexinwe zezakhe. Akubanga kudala efikile yagaleleka i-teksi yamthatha yaya kumlahla phambi kwamagumbi ekufunwa kuwo abasebenzi. Engenile apho wahlangatyezwa linenekazi eliye lathi makathi chuu phakathi

kwamanye amadoda amathathu, ekuqondakala ukuba nawo azofuna umsebenzi. Bangene ngabanye ngabanye kwigumbi lomphathi de lafika nethuba likaThando. Ungenile ke naye wafika phambi kwendoda etya ulwimi aluqondayo. Umphathi uvele wasikwa yinceba engekavuli nomlomo uThando. Ubone usizana lwexhego ekuqondakala ukuba sele lwenzakele ziinkxwaleko.

“My friend this is a very hard job.”

“Will do my best, mlungu wam, please.”

“Do you have experience on this type of job?”

“I am prepared to learn, Sir.”

Wasikwa yinceba ngakumbi umlungu ngala mazwi kuba eqonda ukuba ukho umonakalo nokuba kuphina.

“My friend we pay on commission and you have to travel long distances but I will be fair to you I will give you an area close to where you live, all you need to do is to deliver these documents to each person, once they sign you will get your payment, that is there least I can do.”

La mazwi amtsho uThando kwanga angathi vuleka mhlaba ndingene. Abuya amazwi kanina.

“OSUKUBA ECELA NGEGAMA LAM WOFUMANA.”

UThando umbulele umphathi wakhe omtsha, wayalelwa ukuba abuyele kwinenekazi abe dibene nalo kuqala, ukuze anikezele iziqinisekiso zakhe. Emveni koko uye wafumana iincwadi azakuzihambisa, waqalisa, uhambo lo mhambi. Uhambise ezo ncwadi kwizindlu ezahlukeneyo kwingingqi yaseSoweto on Sea nase Veeplaas kodwa wabuya nembande yesikhova. Uye kungena emzini wakhe ngentsimbi yesibhozo edinwe eyimfe. Ufike sele kucinywe nezibane engabekelwanga noko kutya. Uye waziphosa kwisitulo esisebenza njengomondlalo wakhe.

Phambi kokuba abiwe bubuthongo uye waziba ngomthandazo omfutshane.

“Bawo ndithwale nakwesi sihlandlo...Amen.”

Ngentseni ibe sese siqhelo wekhwasu sele bemkile abantu engaxelelwanga nokuba kuyahanjwa. Kube njalo ke iintsuku eziliqela engade abhaqe mntu uluthathayo uxwebu

kambe kwamanye amakhaya ebenyhukutywa kakubi. Kusuku lwesine ebhadula uThando uye wafumana idilesi ekufuphi nomzi wakhe. Ngexesha efumana ledilesi kwakusele kuburhatyela kwaye ebehambe imini yonke kwingqatsini yelanga. Usondele emzini lowo wankqonkqoza. Ngelingeni kuye kwazakuvula inkwenkwana.

“Molo bhuti, ukhona utata?”

“Ewe.”

Uqonde kwangempendulo emntaneni ukuba kushushu kweli khaya.

“Bendicela ukuthetha notata wakho.”

Khange itsho nelimdaka inkwenkwe isuke, yegwiqi yangena ngaphakathi.

“Lo mntu ufuna wena tata, andimazi mna.”

Uve lo mazwi ephandle uThando.

Emveni komzuzu kuthe gqi indoda enxibe ibhulukhwe emfutshane, ngentla ihamba ngogaga. Yayisisiqingqana sendoda enomkhaba ojingayo.

“Ewe, yhini nguwe Mazaleni?”

“Ndim Nokhala”, watsho uThando ebambe amazinyo kuba ivumba lo tywala elaliphuma kule ndoda yayingathi buphekwe kuyo.

“Oh! Yini ebusuku mfondini sele sizakulala.”

“Ndiambisa le ncwadi yetyala, Nokhala.”

“Uyaphazama! Kum andinatyala vha, Mandlovu khawuze kufunwa wena apha.”

“Hayi mfo kabawo wena”, utshilo uThando.

Oko ke, yaba kukubasela umlilo ngamafutha, iqale ngoko ukumnukuneza uThando indoda imchazela ngokondliwa ngumfazi. Itsho izichaza ukuba yona linene into engenamatyala. Uthe gqi kwesi sithuba umfazi kucaca ukuba ufile zintloni. Uye wazama ukuthomalalisa indoda yakhe eyaye ivutha amadangatye. Iye nayo ye gqwiqi ishiya uThando apho emnyango esisankwankwa. Kunye okwakufunwa nguThando kukuba indoda leyo ityikitye uxwebu olo. Ingcango zamaZulu zavuleka ngalo mzuzu kuba yasuka yaluthi rhuthu uxwebu inkosikazi yatyikitya. Nakubeni uThando wayifumana into awayeyifuna waphuma apho umphefumlo

wakhe wophuke ngakumbi. Utsale idyokhwe uThando inyanga yonke apha the kubhaqa abuye axhimfwe, kodwa lona ithemba lalibonakala enkalweni. Ukuphela kwenyanga uThando uye wamkela umvuzo wakhe nakubeni ungengakanani uye waziva ekwelesithathu iZulu. Uye wangqalela kwivenkile yenyama wabopha, wabuya wangena kweyezimuncu-mncu zabantwana nalapho wabopha. Uye waxhabasha ukusingisa emzini wakhe wafika bekho abantwana nomfazi. Baye bajongana xa engena esindwa, kwavakala kwangoko ubushushu bekhaya akwabuzwa mahasa. Uye wohlulela umfazi wakhe kwimalana eshiyekileyo. Ngobo busuku uThando walala okosana.

Ubuye wagoqoza ezama uThando nakwinyanga elandelayo. Kwalile phakathi enyangeni xa elungiselela ukuphangela uThando, yaqala yachaphaza imvula. Uqondile ukuba lo mvula ayisayi kumnqanda ukuba angaphangeli. Uthe xa efika phambi kwesikolo elindele i-teksi waphawula ukuba iyagalela ngamandla imvula. Kulo meko iimoto zazihamba ngezantya ezikhulu logama abantwana bethontelana ukungena esikolweni. Kuthe esajongile njalo wabona ujikeleza oza ngesantya esiphezulu ngezantsi. Embindini wendlela kwakuwela intwazana izakungena kwiheke yesikolo. Ujikeleza khangela uthobe santya koko uvele waqabela. Lo mntwana ubethwe seso sithuthi waya kujuba kude nezo ncwadi zaphasalaka. Akakhange ame ujikeleza koko umqhubi uvele wasivuthela isithuthi. Amava nokuhlakanipha kwengqondo kumdlali kuvele kwabuya ngoko kuThando, uye watsiba ukuya emntwaneni logama iliso lijonge inombolo yesithuthi. Yonke lonto uyenze ngesiqingatha somzuzu. Ufike umntwana ethe natya phantsi waza wakhulula ibhatyi yakhe wamembathisa. Akazanga ukuba kwenzekeni kuba kwaye kwagcwala ootitshala nabahlali apho. Ngethuba elingephi kuye kwafika amapolisa nenqwelo yezigulana yamthatha umntwana. UThando unikezele inombolo yesithuthi emapoliseni, yaza inqununu yambulela ngegalelo lakhe. Emveni koku uThando uye waqalisa ngomsebenzi wakhe. Nangona esebenza uThando, isehlo salo mini samhlala engqondweni kuba wayesoloko elubona olosana kwingcinga zakhe. Waba nombuzo osoloko umzingile ukuba angenzani ukuze asindise abo bantwana. Wazile ukuba inqununu nomasipala bakuza nesisombululo emva kwexesha elide yaye iingozi ezinjalo sokuze ziphele. Kuthe ekurholeni kwakhe uThando wathenga izinto zomzi wakhe wabuya wangena kwivenkile ethengisa isinxibo esisetyenziswa ngamagosa endlela. Ufike wathenga isinxibo semibala esetyenziswa ngamagosa ekuwezeni abantwana emigaqweni. Waze wabuya wathenga nesinxibo sezandla ezimhlophe. Akonelanga koko ubuye wathenga nophawu

lomgaqo olubhalwe “STOP, GO.” Esi sinxibo sasinemibala eluhlaza namthubi kwaye sisaziwa ngokuba sisemthethweni.

Ngosuku olulandelayo uThando uye wavuka ngentseni kakhulu elungiselela ukuphangela. Uye waxhabasha into zakhe waya phambi komgaqo wesikolo, wafika wanxiba ezo mpahla bezithenge ngezolo. Wajika ngoku wakhangeleka okwegosa lo mgaqo. Uye wema apho emana evulela abantwana bawele umgaqo ngaphandle kweziphazamiso zezithuthi. Ngolo suku yaba ngumtyangampo omhle nobukekayo abantwana bengena esikololweni bemana belindwa ukuba bawele umgaqo zizithuthi. Kuthe bakuba bewele bonke abantwana, sebengena nakumagumbi okufundela waqala wakhulula uThando wangena kowakhe umsebenzi. Kusuku olulandelayo uqhubile uThando njengezolo yade yaphela inyanga. Ngoku wayesele engumbono oqhelekileyo apho phambi kwesikolo emana ephekuza ekhweba izithuthi nabantwana. Okwakumangalisa kulo msebenzi umtsha kaThando yayikukuba wayengajonge ntlawulo kwaye waye wenza kabini ngelanga lo msebenzi. Kwakusithi nokuba uphi, kulo msebenzi wakhe wokuhambisa amaxwebu, ukuba zileqa icala emva kweyokuqala umbone egxalathelana ukuya esikolweni kuba esazi ukuba isikolo siphuma ngentsimbi yesibini. Babesithi bephuma ootitshala kwakunye nabantwana ibe ngathi khangela aye kwenye indawo uThando koko behleli phantsi kwalo mithi yesikolo. Emva koku phuma kwesikolo ubeye abuyele kwasenkomeni. Kwalile kwinyanga yesithathu esenza into enye uThando, uthe xa efika apho esikolweni wabona kuphuma abantwana abathandathu bekhokelwa yititshala, bobathandathu kuquka netitshala babenxibe isinxibo esifana twatse nesakhe. Utitshala ufike wambamba isandla uThando kangango mzuzu engathethi. Emva koko abantwana abathathu bawelele ngapha komgaqo logama abanye notitshala bemi nganeno. Baye baqalisa ukuweza abantwana. UThando uye wancuma wakhulula impahla yakhe wabuyela kumsebenzi wakhe. Ngentsimbi yesibini ufike abantwana sele bengaphambili. Kusuku olulandelayo uye wenza njengesiqhelo wasingisa esikolweni abantwana babe sebekho. Uye wancuma umfo omkhulu kuba eqonda ukuba okwakhe ukufezile.

Ngalo lonke elixesha nemeko ekhaya yayisele iguquka kuba umfo wayesiza nento etafileni. Inkosikazi nabantwana babesazi ukuba ukuphela kwenyanga utata uzakuza nezinto ezimnandi.

Kudlule iinyanga eziliqela uThando engasayi esikolweni, koko exakekile ngumsebenzi

wokuhambisa amaxwebu. Kwalile phambi kokuvalwa kwezikolo kwiholide kaDesember, uThando wafikelwa yincwadi emmemela kumbhuyo kwisikolo abewelisa umgaqo abantwana kuso. UThando uhambise lo ncwadi kwinkosikazi yakhe esuke yancuma yamwola ikhumbula iimini zamandulo. Kwalile ngosuku lwesimemo kwemisa umgrugra wemoto phambi komzi kaThando uzokumlanda, uThando ukhwele nenkosikazi nabantwana bakhe kwesi sithuthi encumile abantu bemi phandle. Yenjenjeya ukuya kwisikolo eso. Kuthe nje ukuba ibe kufuphi waphawula ukuba abantu macala onke endlela baphahle umgaqo beyiyizela. Phambi kwesikolo yayingootitshala nabafundi bexhome umbalo omkhulu othi,

“IGORHA LOKWENENE ELISINDISE UBOMI BABANTWANA BETHU.”

Uthe akuwafunda lamazwi uThando wajonga inkosikazi yakhe, suka yona zawa iinyembezi zimanzisa izidlele. Uye wamwola umkakhe uThando wamanga. Nabantwana babentywizisa ngoku. UThando usuke wajonga phezulu ecinga amazwi kanina.

“OSUKUBA ECELA EGAMENI LAM WOFUMANA.”

Tshila!!! Bhula kaZaBhebhetha

Kuwo onke amagqirha awayesaziwa kwelo lakuQobo-qobo alikho elalidume ngaphezu koBhula kaZaBhebhetha. Umakhwekhwetha wenkwenkwe enkulu engangxengwanga, ingaxakwa nto kwaphela. Kwezo lali zazingqonge uQobo-qobo, kwaNomenti, kwaMntan'am ndenzeni, kwaNtozophukayo, mnye kuphela umntu obuyakuxelelwa ngaye xa usengxakini nguBhula kaZabhebhetha. Inkwenkwe enkulu yayizinze kwisiphambuka selali yakuTshoxa, ngaphesheya kwilali yase Gwili-Gwili. Indlela eyayisiya apho yayingaginyisi mathe kwaphela, kodwa izithuthi zazilukrozo ukujolisa apho. Ibisithi indoda, umfazi okanye intokazi yakubambheka ngobhongwana, iphakame isithi ukho uBhula kaZabhebhetha phesh`apha kungani ndihlale kusitsha. Ngentseni woyibona ixhabasha iwela lo miwewe nemifula isingise kuBhula. Ibisithi xa iwela lo miwewe ikhale ngelokuba, "Bhula abanye ubenzele ke mna ndingotheni?" Emva koko yothi iphela iveki uyive iphethe olukaBlankethi izingca ngelithi, "Benditshilo ukho okaZabhebhetha uzondiweza."

Kukho ngaminazana ithile ingasokuze ilibaleke kuluntu olulapho kwezo lali zingqonge uQobo-qobo, suku olo ekusathethwa ngalo nanamhlanje. Inkosikazi yaseMaBheleni kwilali yaseTshoxa yenzelwa umangaliso ngulo Bhula. UNoAmen wayehleli obentshontsho ubomi, engcungcuthekiswa yintokazi yomyeni wakhe, uNontle. Le ntokazi yayimshiya imbhulela amasaka uNoAmen ingamboni nokuba usiciko sayiphi imbiza. Okunene kona uNontle wayelilandele igama lakhe. Intombi yomntu yayicikizwe iphume izandla. Intombi le yayithe ncothu ngesithomo, ikhanya ngebala, kumacala omabini ezidlele yayithiwe jize ngezinxonxo, kuyo yonke lonto yalekwa ngemilenze emihle ekhanyayo. Ilaphu lomlungu yayilitya ngathi iyaphangela kanti zange yambona umLungu. Eso sinxibo ke sasimenza abe yinzwakazi epheleleyo. Wonke onxiba ibhulukwe othandana nale ntombi wayesithi utsalwe bubhle nelizwi elisoloko liphantsi. Oku kuphola nobuhle bale ntokazi bekubangela ukuba ithi indoda nokuba izixelele ukuba kwezaphandle apha izinto ayizingene, suka ithi yakuthi ntle obo buhle iziphose. Nayo ke intombi ibe ingalibazisi ibiwamkela onke loo madoda. Kuyo yonke lento ke usisi lo, wayengazelanga waye phule uluthi. Babesibhozo abantwana bakhe bengashiyani kuyaphi. Ayelapho amaJwarha, ooTipha, ooRadebe, ndibalani, nooCirha babefumaneka kwabo bantwana. Bonke ke aba bantwana babesithi tata kokhoyo umfo, akumka babone omnye babuye bathi tata nakuye.

Umyeni kaNoAmeni, uBhele, naye ke waphandlwa yilentokazi waziphosa. Kuba ke ingoyiki ngo ewe wayo yamamkela. Yabonakala ikhula ingca indlela esingisa emzini wakhe uBhele logama ikhuthuka eya kwaNontle. Abantwana bamamkela ngezishushu utata wabo omtsha, kwakuba kodwa ngoLwezihlanu kuba babemkhawulela ngekriva. Ngalo lonke elo xesha usizana olungu NoAmen lwalulala iinyembezi zinqumleze umbombo. Intliziyo yayilihlwili kukubindeka, koko engazi ukuba makathini. Amakhosikazi aseTshoxa aye eyazi imeko kaNoAmen kwaye iwahlupha lento. Intlungu yayikukuba wakuthi akugqiba ukukhukuza uBhele, uNontle, abuyele kwamanye amadoda. Ngaminazana ithile amchwechwela uNoAmen la makhosikazi. Hayi ke bethu kwancokolwa ezobumelwane kwamnandi. Ngelingeni yagqabhuka enye.

“Wethu asingeni nto zomzi wakho, kodwa umntu uyavuka xa kusunakala.”

“Ngantoni ke ntombazana?” Wabuza uNoAmen.

“Hayi wethu, sitshatile nathi siyabona”, latsho elinye iqhajazana.

“Zihlobo kusebusuku kum, yenzani ndibone.”

“Ntombi, siziswa yilento kaNontle, kwaye thina sifuna umvuthulule aphele tu.”

“Oh!”

“Vuka sisi.”

“Bethuna mna nguThixo owobona ukuba eyam imeko ithini.”

“Nantso ke bafazi, yathi indoda iphela isondla inkazana wabe uthembele kuThixo, naye uyancediswa mfazi.”

“Kungoba ngendisithini ke mna?”

“Uyathetha ke ngoku yabona phezulu apha ukho uBhula kaZabhebhetha.”

“Hayi bafazi, mna xa engadifuni uBhele kulungile, eyamayeza andiyingene tu.”

“Sisi, yithi sikuncede, siza kukhapha ke tana.”

Ibe ngulononjani ke kucengwa uNoAmen ukuba akhe avele kuBhula, de ngelingeni wavuma. Ngosuku olulandelayo amakhosikazi ayibethe yancikane indlela eya kwaBhula eGwili-gwili. Kulondlela kwakungekho uthetha nomnye kaloku intetho yakwantu yayisagquba engqondweni, akuthethwa eyezeni. Intsimbi yesibhozo ibethe sele bephambi komzi kaBhula. Umzi wawubonakala ukuba ngokamakhwekwetha nyani. Yayizintlanti zemfuyo, izithuthi zikaBhula kwakunye nabakhwetha bakhe. Ngelo xesha kwakusele kugcwele ngabantu abasuka kwindawo ezahlukeneyo, abanye babesuka komaQonce, Rhini, Kapa naseBhayi. Ekugalelekeni kwawo lamakhosikazi yayingekavuki intw’nkulu, kodwa kuthe nje emva

kwentsimbi yesithoba wabonakala usihla ngokuhla umthamo ongena kweli gumbi asebenzela kulo uBhula. Lide lafika nelabo ithuba abafazi. Bangena. Abakubone apho yabatsho bothukela ngaphakathi. Kwezabo iingcinga babesithi bayakungena kwigumbi eligcwele iingcambu zamayeza neemfele zezilwanyana. Kwakungenjalo ke kweli gumbi, koko kwakukho ibhanka ende kwakunye nesitulo esenziwe okweso sesithwalandwe. Esi situlo saye sithiwe wambu ngofele lwesilwanyana sasendle abangasaziyo. Igumbi laliphole libetha umoya. Kweso situlo kwakuhleli uBhula ngokwakhe. Wayengemdala kuyaphi koko ewafincile amashumi amahlanu eminyaka. Umfo wayemnyama kodwa kubonakala ukuba ukhe wamcula undophule ndiyatsha, kuba nesinxibo yayingesiso esegqirha. UBhula ufune ukuqonda ukuba bathuthwa yini Na? Hayi ke, uNoAmen wayichuba imbilini yakhe, ngalo lonke elo xesha uBhula umthe ntsho emehlweni.

“Makhosikazi, godukani ngomso ndipha emzini wakho ngentsimbi yesixhenxe.”

Utshilo uBhula etsefuza. Uthe xa efuna ukuhlawula uNoAmeni wanqunyaniswa ngelirhabaxa ilizwi.

“Ndithe goduka ngomso ndisemzini wakho, olandelayo”, watsho uBhula sele ekhwaza ophandle.

Kweso sithuba aye ekhwasu amakhosikazi, aphuma engatshongo nelimdaka. Aye anyathelela phezulu oku ngathi uBhula usemva kwawo. Kuthe xa sethe qelele umgama ovisayo zaqala zehla izibilini kuwo.

“Bafazi, khanitsho, lo mfo uthi wobasemzini wam kusasa, uwazelaphi?”

“Sisi nguBhula kaZabhebhetha lowa thula, uzobona.”

Kweso sithuba atye indlela amakhosikazi engavuli nelimndaka, ekufikeni kwawo kwilali yawo ibe ngulowo wasinga kwelakhe isango, ngesivumelwano sokuba kuya kudityanwa ngentseni kwaNoAmen.

Ngentseni aba ngathi belele kwaNoAmen amakhosikazi kuba afikisana. Ingulowo efuna ukuzibonela ukuba uBhula uza kusebenza njani. Kwathi esaphunga njalo nkqo ngeyesixhenxe intsimbi yavuleka iheke. UBhula ungene kwelo gumbi ahleli kulo amakhosikazi akabulisa, koko uye wayalela uNoAmen ukuba makeze ne-emele ayigcwalise ngamanzi. Uye wavula itasi abeyiphethe wakhupha umgutyana okuyo, wagalela kule emele. Uyalele uNoAmen ukuba eme phezu kwale emele abize uBhele kuyo kahlanu. Ubuye wagalela omnye umgutyana kwisandla sasekunene kuNoAmen, wathi makame emnyango abize umnyeni

wakhe kahlanu akugqiba avuthele lomgubo. UNoAmen uzenzile ezi zinto wabuya wahlala phantsi. UBhula ubuye wakhupha amatye amahlanu kule tasi yakhe wawaphosa kule emele, wandumzela kabini kathathu ehlasimla kucaca ukuba umhlola uyaqonda ukuba uwuchanile. Emveni koko uye wabopha itasi yakhe ukubonisa ukuba owakhe umsebenzi uwugqibile. “Akungena uze uyokuchitha la manzi ngapha kweheke, ubuye ungabheki, yoba ngamakhulu amathathu intlawulo”, utshilo uBhula kubonakala ukuba ungxamile kwaye usajonge phambili.

UNoAmeni uwe esipajini emadolo nzima, wayikhupha imali leyo ekrokra. UBhula khange amnanze koko uye wamkela imali, waphosa etasini waphuma. Uthe engekafiki ehekeni wegqi uBhele. UBhele uye wefuthu ngumsindo asakubona indoda iphuma emzini wakhe ngentseni, koko ubuye wazibamba, uye wanqwala intloko kuBhula ongakhange amnanze. UBhele uye wagxanya ukusingisa emnyango kucaca ngoku ukuba uvathe iqaqa.

“NoAmen, NoAmen ngubani lo uphuma emzini wam ngentseni?” Umbhonzeleke emnyango esitsho. Uthe xa engaphakathi wentla ngamakhosikazi, suka zamwa iintloni.

“Makhosikazi, tyhini nalapha kwangentseni akhonto?” Ubuze ngele nkonzo uBhele.

“Hayi wethu Bhele yile migalelo yethu, qha sithi masivuke.”

“Mandinganiphazamisi ke noko”, emva koko wonde ngekamire yakhe. Aye ayana ngamehlo amakhosikazi, yena uNoAmeni wayethwele olukaBlankethe. Aphakamile amakhosikazi acela indlela kubonakala ukuba eyawo indima ayigqibile.

E-Cata uthe akungabuyi uBhele iintsuku ezivakalayo baqala baxhala abantwana. Ibe ngulowa wafuna uqonda ukuba utata ubuya nini? Besuka aphenyule ngokupholileyo uNontle kubantwana bakhe. Kucaca ukuba ixhala kuye alikho kwaye uyazi ukuba kungekudala kuzolunga.

“Ningaxhali nina bantwana bam uyeza utata.”

Ngokwenene emsulwa akudlulanga nyanga zingephi kwabe sekubonakala omnye utata.

Nabantwana abalibazisanga bawe kwesezolo bevuyela utata omntsha onelekese.

Isenzo sikaBhula samenza waduma ngaphezu kokuba wayedumile. Zabuya zanwenwa iindaba ezingenkintsela yexhwele. Kwingingqi yaseDwesi, eBhayi, uninzi lwabahlali yayingotitshala nonesi. Omnye waba bahlali yayinguZola Dyuni. Umfo lo wayehlola

kwesinye sezikolo kwalapho. Uthe emi phambi komzi wakhe kwadlula umhlobo wakhe.

Njengesiqhelo ke esi sibini siye sema sancokola, ezezolo.

“Xola ntanga mandide ndithethe”, utshilo uZola emveni kwencoko ende.

“Awu ntanga, akhonto imbi? Wathetha ngolo hlobo?”

“Ewe ntanga, kugoso okwaphukayo kweli khaya.”

“Ungandoyikisi mfondini.”

“Hayi ntanga ndicela uncedo.”

“Sikhula kunye mfondini.”

“Yilonto ke ntanga ndibhenela kuwe, apha kwelikhaya asilali sele iyinyanga silala siguqe ngamadolo.”

“Sugeza mfondini.”

“Ndifunga uma, emangcwabeni.”

“Madoda yenye ke le, yintoni ingxaki?”

“Mfondini kukho into egungquza ubusuku bonke apha eluphahleni, kwale ntanga xa zileqa eyokuqala ebusuku isuke ibe ngathi iyaqinisa, de kube ngathi izakuwela apha kulendawo silele kuyo.”

“Thixo ntanga yintoni le uyitshoyo?”

“Yinene emsulwa ntanga kweye mna ndixakwe nakuthini, kunga kungasoloko kusemini.”

“Tsi, madoda ubomi bunzima.”

“Ngumzamo ntanga kwaye ngumzamo obuhlungu.”

“Madoda kulikhuni emhlabeni, yaba nathi sakhe sanento enjalo.”

“Uthini ngoku?”

“Ndikuxelela ukungakuxokisi ntanga.”

“Cebisa mfondini.”

“Hayi ntanga saphakama sajongisa kuQobo-qobo, ukho uBhula, ndikuxelela ukungakuxokisi wenza into uyibone la mfo, thina sabuya salala ngobo busuku.”

“Uthini kum ngoku?”

“Ntanga, vuka ngomso nenkosikazi yakho kusasa ukhangele ukuba akubuya uthetha enye into na?”

“Ntanga ndiyabulela.”

“Hamba ntanga kuphilwa ngamntu.”

Esi sibini sohlukene emva kwale ntetho. UZola uye wangena emzini wakhe wayichubela

inkosikazi yakhe ngakuvileyo. Hayi ke, ngobo busuku yabangathi into eseluphahleni ihletyelwe. Yavunguza kucaca ukuba iqumbile mpela. Kwakukodwa ukusuka ibe ngathi iyaxhentsa ibuye itswine oku kosana olukrwitshwayo. Kude kwasa gede esi sibini sime ngenyawo amehlo siwakhuphe entloko. Ngentseni, zange baxukuxe nokuxukuxa bayibetha imoto yancikane ukusinga eGwili-gwili. Apha endleleni yayingathi isithuthi sibaselwe kuba uZola wayehleli emafutheni ngathi uleqwa sipokro. Ngethamsanqa ekugalelekeni kwabo kwaBhula kwakungekho mntu baze babalekiswa bafakwa. Bafike umakhwenkwetha kudala ebalindile. Bathe nje ukuba bahlale phantsi wahlasimla uBhula, etshila ebabonisa ukuba kudala besengxakini.

“Camagu!”

“Camagu! Tata.”

“Ndithi kuni camagu andiniva!”

“Camagu! Tata”, lanyuka ilizwi kwesi sibini.

“Nisuka kude bethuna.”

“Ewe, tata eBhayi.”

“Camagu!”

“Camagu!”

“Athi amanyange nesuswa yimpundulu!”

“Phosa!”

“Ayinilalisi, kwaye sele izakuzala!”

“Phosa! Tata.”

Emveni kwala mazwi liye le cwaka igqirha lajonga phantsi.

“Bantwana bam, ndiza kuyigxotha ke ibuyele emntwini wayo, ifike ikhabe yena, nina nova ngesithonga kuba kaloku umntu wayo akakude kuni.”

“Buyisela tata! Sidiniwe.”

“Nigqibile! Bendifuna otshoyo.”

Emva koko uye wegwiqi uBhula wangena kwelinye igumbi. Uthathe imizuzu emihlanu ekulo wabuya ephethe iibhotile ezintathu ezincikane. Zontathu zazinemibala eyahlukeneyo kwaye zinamafutha.

“Yabona ke nyana, wakufika ekhaya wophumla into engange yure.”

“Camagu!”

“Emva koko wothambisa umzimba wonke ngale bhotile imhlophe, ze kamva uvule apha

eluphahleni ungene ubeke ezi zimbini uhle, kusasa wondixelela.”

“Camagu!”

“Amakhulu amahlanu, ke yintlawulo nakugqiba nigoduke.”

UZola nowakwakhe bayikhuphile intlawulo bengenasikhalazo. Kamva bayenza ncikane ebuyela eBhayi indlela. Bagaleleke emva kwemini bedinwe beyimfe. Umfazi uye waquekeza elungisa ezekhaya logama uZola ehleli ezolile emana ukujonga phezulu. Kuthe njengokuba ehleli emana ukujonga phezulu uZola, wee rhiphu umbilini. Suka lwaqala lwangongoza uvalo weva shushu. Uthe engaqondanga weva sele ekhuzela ngaphandle.

“Zola yintoni?” Wabuza umfazi.

“NguSathana mfazi, kwaye sizokumlwa ngamandla.”

“Kunjalo masiqale wethu sisebenze ngoku kusakhanya.”

Loo mazwi amtsho wabila wabaleka amanzi uZola waqala watyhwytyhwa ecinga amazwi kaBhula okuba le mpundulu sele izakuzala. Uzibone ekrwitshwa yimpundulu kolo phahla lomzi wakhe, waqala wazidela ukuba besiyaphi eGoli.

“U right dear.”

“Akhonto mfazi”, utsho engcangcazelisa ilizwi uZola.

Umfazi uye wamnika ibotile emhlophe enamafutha ukuze azithambise. Kwabanzima endodeni amadolo engqubana kucaca ukuba ukufa sele kusemnyango. Wangcangcazela ethambisa lo mafutha uZola engazi nokuba kubhekiswa kweliphi icala. Ngelingeni uye wazithambisa umzimba wonke wagqiba. Emva koko uye wabeka isitulo phantsi kwentunjana yokungena eluphahleni. Waba ngathi uthunyelwa esihogweni uZola kuba wasuka wagevezela ngakumbi. Kuye kwakunzima ukukhwela kweso situlo ukuze afikelele eluphahleni. Iqondile inkosikazi ukuba kubi kwaye nangaliphi ixesha ingavela iqikileke indoda.

“Ndikuncede, dear?” Yabuza inkosikazi.

“Ngantoni? Suka maan akuboni uyandiphazamisa.” Waphendula uZola sele ekhuphe amehlo kodwa kucaca ukuba intliziyo ayitsho.

Uyivulile intunjana leyo sele ngoku ephethwe naludaka lwesinqe, nemichamo ikwalapho.

Uye wafaka intloko ewavale mbha amehlo eqonda ukuba impundulu leyo izakumkrwitsha engayijonganga. Kuthe emveni komzuzu ewavalile amehlo, wawavula kancinci akabona nto kwaza ngelingeni wawavula onke. Akabonanga nto tu kwelo phahla, waqonda ukuba makakhwele ngokukhawuleza hleze kuthi kanti isayokufuna ukutya impundulu leyo.

“Zola, kwenzekani?” Wabuza ezantsi umfazi.

“Akhonto nkosikazi.”

Uye emva koko wazibeka iibhotile apho eluphahleni sele efuna ukukhawuleza aphume. Kuthe xa eza kwehla apha eluphahleni waphula ukuba kukho isikroba esikhulu esibonisa ngaphandle kwaye kukho neplastiki eyenza ingxolo. Uye wenza iinzame zokuba sivaleke eso sikroba waqinisa nalo plastiki ibiphihlika. Uhlile eluphahleni wafika inkosikazi yakhe isemi kulandawo ibimi kuyo.

“Usebenzile sithandwa sam.”

“Kuzolunga nkosikazi ungaxhali wena, ndiwuphethe umcimbi.”

“Utsho dear wam?”

“Ungahlupheki my love, namhlanje kuzovutha”, watsho uZola esiya kuhlamba loo mafutha.

“Kunga uThixo angamncedisa uBhula emke uSathana emzini wam.”

“Kunga kunganjalo nkosikazi, khesifumane ubuthongo.”

“Yitsho uphinde”, yatsho inkosikazi sele ikwigumbi lokuphekela ilungisa isidlo sasebusuku.

Ngobo busuku esi sibini saye salala okwentsana, ngentseni inkosikazi ivuke inoncumo kubonakala ukuba ngenene balele ngoxolo. Umyeni besazigqumile kuqondakala ukuba obunjalo ubuthongo wabugqibela eselityendyana.

“Tsi!!! Bafazi, yinkintsela uBhula ke bethu, uyigxothe yemka tu le mpundulu kweli khaya”, itshilo inkosikazi isenoncumo.

“Inkintsela! Inkintsela phi? Impundulu! Impundulu ebiphi?” itshilo indoda ityhila iingubo.

“Hayi Zola, kutheni wathetha njalo?”

“Mnxim, imal’am engaka! Impundulu, impundulu!”

“Zola, uyandixaka ke ngoku.”

“Umelwe kukuxakwa kuba siyokulahla imali.”

“Zola, suthetha ngolo hlobo wakugqiba ukuncedwa.”

“Sisi, khandiyeke ndilale mna, qha ndikhalela imali yam eninzi emke namanzi”, utsho etsala ingubo ebetha ithatha uZola, kubonakala ukuba inye into ekuye engqondweni yimali yakhe. Inkosikazi ime kwelo gumbi labo lokulala ixakiwe suka yabuyela kwakho ezingubeni.

Ukuphumla sele kufikile

Isikhululo samapolisa, KwaZakhele eBhayi sasisaziwa ngokuxakeka ntsuku zonke. Abantu abaya kumangala apho babefika bame iiyure ezinde, kambe kumanye amaxesha umntu ebesukaashiye, “Mnxim.” Emke engasifakanga neso simangalo. Esi sakhwo sasigxunyekwe kufutshane namatyotyombe amaninzi, ukanti ngaphesheya kude kufuphi nesikhululo eso kwakuhluma izindlu zeRDP. Uninzi lwezi zindlu zazingagqitywanga ukwakhiwa, kwaye ke, onqevu babezisebenzisa. Ngalo olu suku, uCaptain T. T. Ngwema, wayehleli ebambelele entloko. Asikuba wayecinga, koko intloko yayiqhekeka kubini. Ngezolo lo kaNgwema uye kulala ekuzeni kokusa, ngalo lonke elo xesha wayezintyintya, ezibuza imvelaphi. Ngentseni yokuba aphanzele umzimba wawududa ngathi bekubethwa idonki efileyo. Lo kaNgwema wayehleli ejonge phambili, abo wayekunye nabo ngolusuku babesele bemazi ukuba akanako nokuchukunyiswa xa ekwimeko enjalo. Isibini samapolisa esasikunye naye sasingenzinto koko siziphithizelisa, kambe siphathe kucofa-cofa oomakhala emoyeni. Ngethamsanqa usuku olu lalubonakalisa ukuzinza kuthontelwano lwabantu kwisi sikhululo eso. Kwalile kusathe cwaka kwisikhululo eso, kwangena ixhegokazi ekubonakala ukuba intlupheko sele ilisongile. Eli xhegokazi lalinxibe ilokhwe enkulu ekubonakala ukuba yacholwa yavuthululwa yaze yanxitywa. Ezinyaweni lalinxibe izihlangu ezingafaniyo esinye isesebhinqa kanti kwelinye icala isesendoda. Umakhulu lo wayerhuqa ingxowa ebonisa ukuba igcwele ikharibhodi kwakunye neplastiki.

“Makhulu, ungayishiya phandle ingxowa leyo”, litshilo elinye ipolisa.

Ixhegokazi khange liyinanze lento liye ngqo kuCaptain Ngwema, owayesifa yibhabhalaza.

“Molo, mnt’am”, litshilo ixhegokazi.

“Ewe makhulu, ndingakunceda?” Utshilo uNgwema ngelizwi elindongondongo.

“Ingxaki, polisa ndifuna uncedo, umzukulwana wam ulahlekile.”

“Ndiyakuva makhulu, masithi uzobuya wena, suba naxhala”, watsho uNgwema ezama ukuzenza umntu oxakekileyo kodwa ngaphakathi wayebila enqwenela ukuba elo xhegokazi lisuke phambi kwakhe.

“Ingxaki polisa, lo mntu mncinci kwaye zange sohlukana oko washiywa ngunina esimka nela qheya laseKatanga liloba...”

“Ndiyakuva mama, kanene ngumzukulwana lo, ngubani igama?” UNgwema uqonde ukuba makaqhawulise kuba elo xhegokazi alizimisele kuyeka, uye wathatha amaxhwebu aphambi kwakhe engajonganga nokuba ngalawo abhala abantu abalahlekileyo kusini na, uye wazixakekisa ebhala.

“NguLuvo.”

“Iminyaka.”

“Lishumi, kuphela.”

“Wena ke makhulu nihlala phi?”

“Ezantsi kwesititshi, pha phantsi kwebhurorho, ngaseSwartkops.”

“Kulamatyotyombe angase Boxongo?”

“Ngamanye amaxesha siyalala naphaya.”

UNgwema uqondile akhonto izolunga apha, kuba akukho apho azalifumana khona elo xhegokazi, kwaye uzochitha ixesha ngomntana obaleke namadoda.

“Ungahlupheki ke makhulu umntwana ndizokumkhangela, ungazihluphi hleze abuye wena bonke benza lo nto.”

“Ndiyakuva”, litshilo ixhegokazi.

“Ungakhululeka ke makhulu.”

IXhegokazi liye lamthi ntsho emehlweni uNgwema, laguquka linikina intloko. UNgwema usale ephosa lo maphepha kude. Uye wabuya wabambelela entloko ecinga isimehlana sakhe asishiye phantsi kwesitulo ngephezolo, ukuba nje unokufumana ikopi umzimba ungaswabuluka.

“And, toe?” Livakele ilizwi likaSuperintendent Ntlapho phezu kwakhe.

“Superintendent, akhonto?”

“Ela xhegokazi libekwa yintoni apha?”

“Hayi, wena Superintendent la makhulu ulahlekelwe ngumzukulwana, uyabazi mos, balahleka ze bazibuyele, kanti ngalo lonke elo xesha basemadodeni.”

“Oh!!”

“Yaba, neli xhegokazi lihlala phantsi kwala bhulorho, libuye lilale kula matyotyombe aseBoxongo, on top, yazi lo mntwana I am sure, uthengisa ngomzimba ekwasebenzisa ii drugs.”

Uye wasondela apha ebusweni kuNgwema uSuperintendent wathetha exhathisa etshixizisa amazinyo.

“Ngwema, apha silwa ulwaphulo mthetho, iprostitution and needrugs, now this poor woman, uchaza ngomntwana wakhe olahlekileyo, uhleli uthe finini akukhathali, bona icebo ke ndoda. In two days’ time I want that report on my desk, sharp!”

“Sir, le ndawo alahleke kuyo...”

“Two days Ngwema only, two days”, emveni kwala mazwi, iye yaguquka le ndoda ingenalusini tu, yabheka kwigumbi esebenzela kulo.

UNgwema uqondile ukuba, umsebenzi wakhe usesichengeni, ubheka-bheke wajonga abo bebekunye naye wafika beqwalasele kumaxwebu abo, waqonda ukuba akukho tyholo. Uqubule izitshixo zemoto waphuma phandle.

Mihla le ubawo uMnkwankume wayehlala phambi kwevenkile yamaKwarakwara esecaleni kwendlela. Lo ke yayingumgaqo omkhulu odibanise iNjoli Square neDaku Road. Lo mgaqo ke wawuba mgumtyangampo omde oqabela u M17 uyakuthi xhaxhe eMotherwell. Phambi kwale venkile wayehlala kuyo uMnkwankume kwakusisiphithi-phithi sabantu abazokuthenga ukutya kwivenkile yakwaSPAR. Mihla le kwakuba ngumbho nomxesibe phambi kwale venkile. UMnkwankume wayezihlalela netoti yakhe yokungqiba phambi kwakhe. Ecaleni kwesitulo sakhe yayiba yintonga yakhe emhlophe. Ngangendlela abantu ababemaxhapheshu ngawo wayeye ababone njengokuba ngabo abazimfama. Wayebabona bethwele imithwalo enzima ebaxakileyo. Ethe ntsho njalo wajonga umfo onxibe isutu emnyama nehemphe emhlophe, wayethetha kwimfono-mfono yakhe. Kwakubonakala ukuba kuninzi okumkhubekisayo kuba wayebhenguzelisa izandla njengokuba ethetha. Uye wayicima imfono-mfono wamisa ujikeleza wakhwela. Kube yimizuzwa ekulojikeleza waphuma embhakraza ucango. Umqhubi kajikeleza uye wanyathela umcephe kuqondakala

ukuba ucaphukile. Ngezantsi intwazana ekuqondakala ukuba ayikafiki nakwiminyaka engamashumi amabini, yayimi nomfana weQheya. UMnkwankume wayeqonda ukuba baxoxisana ngexabiso. Wayesazi ukuba xa bevisisana ngexabiso lo mfana wolandela lontwazana batshone kumanye alo matyotyombe akufuphi apho. Uthe esajonge leyo uMnkwankume waqwalasela ityendyana elinxibe idyasi enkulu, umnqwazi liwutsale wagquma ubuso. Lo mfana wayehamba ebheka-bheka kucaca ukuba kukho into ayigushe phantsi kwalo dyasi. Kwabe kuqondakala ukuba kulo ntshukumo usoyika namapolisa. Ukhawulele enye inzwakazi wafika wayibonisa okuphantsi kwalo dyasi koko, lasuka lanikina intloko inenekazi. Ubuye akatyhafa umfana lowo wachwechwela elinye inenekazi elithengisa ama-apile. Ufike watyhila kwalo bhatyi, lajonga inenekazi kamva la chonga enye i-wotshi elapho lakhupha imali esifubeni lanika umfana oye wahlikihla izandla waqwalasela omnye anokumthengisela. UMnkwankume uye wancuma kuba waphawula ukuba ngabo abangaboniyo ukuba basinga kwaNtsonganyawana. Koko kuncuma kwakhe uye waphazanyiswa kukubona isithuthi samapolisa sisiza singangxamanga. Yamothuso ke lento, kuba waye sele engawaboni amapolisa apho. Sithe chuu isithuthi eso esijongile saze sema phambi kwabafazi abathengisa iziqhamo nemifuno. Kuye kwehla kuso ipolisa ekubonakala ukuba alisazikhathalele. La lilincinci ngenkangeleko kodwa umzimba wawuchaza ukuba sele wayekwa ukunanelwa. Okunye okwakubonakala libala elimbatshileyo elibonisa ukuba ibhotile akudlalwa ngayo koko iyasetyenziswa. Nangona kwakungeshushu kuyaphi ipolisa elo lalibile libaleka amanzi. Ipolisa londe ngomfana othengisa iiwotshi lamthi xhakamfu entanyeni lamsondeza kulo, umfana uzame ukutatsalaza weva ngempama phakathi kwamehlo.

“Sukumbetha! Sukumbetha kaloku”, badanduluke ngazwinye abathengisi.

“Nitsho?” Watsho emrhuqela evenini umfana.

Ugxwale kweso sithuba umfana kuqondakala ukuba, akafuni kuya kuvalelwa. Ipolisa livele lahlohla isandla salo kwibhatyi yomfana labuya kunye neewotshi kunye nemali. Lijonge efanele yona layifaka epokothweni, laze kamva lathatha naloombali. Emveni koku liye lasebeza endlebeni yomfana laze lamgibisela isicathulo ngemva. Udwangazele waya kuwa umfana laza ipolisa le chuu ukuya kwisithuthi salo.

UMnkwankume uyibukele lento ethule kucaca ukuba ayingeni kamandi kuye kodwa kungekho nto anokuyenza. Zidlule iiyure ezintathu ehleli apho uMnkwankume, epholile abantu bedlula kuye kambe abanye babedlula bagibisele iisentana kulototi yakhe ukanti abanye babedlula bengamsi so. Kwalile sekumalanga waqonda ukuba noko sele ebulamba wathabatha itoti yakhe wakhuphela iisenti zakhe, waqubula induku yakhe emhlophe wawelela kwivenkile engaphesheya. Wayehamba ke okomntu obonayo engakhubeki, engagileki nasebantwini. Yayi yiyinduku kuphela ebonisa ukuba isibane asikho. Ungenile evenkileni, wonda ngesikhenkcezisi wakhupha isiselo esibandayo emveni koko uye kwindoda engumqeshwa apho wafuna isonka. Indoda yamnika ingakhange izibale ezosenti. Uncumile uMnkwankume kuba wayesazi ukuba indoda sele intshingintshingi nje, izenze ngokwayo. Yiyi ekrexezileyo kwaye ngoku intokazi imithi.

Uphumile apho uMnkwankume wabuyela kwisihlalo sakhe koko ngoku ufike sele kukho mntu wumbi. Akamsusanga koko uye wahlala phantsi ebeka ukutya kwakhe ecaleni lakhe.

“Siyabulisa nyana.”

Umfana uye wothuka waqwalasela kuye uMnkwankume. Ingaba elixhego lindibone njani? Uye wanalo mibuzo umfana. Kanene kukho oomajayivana bamaxhego abazenza iimfama kuba befuna ukusizelwa. Uye weqhuzu-qhuzu ehleka, elijongile ixhego elo, kodwa waphawula ukuba amehlo zinkwenkwezi, akukho nechaphaza elimnyama lokubona. Kwesi sithuba uye wajonga kude umfana exakiwe koku, emveni koko wexhiphu ukutya kwexhego watya. Alimnqandanga ixhego koko liye lamyeka ukuba agqibe.

“Kwenzekani mfana wam, zibuye zakubhedela, akukwazanga kuthengisa namhlanje okanye umakhul’bhasi uzixuthile ii-wotshi zakho nemali?”

Uye wefixi ngumsindo lo mfana kodwa wabuya wazibamba ecinga iimpama zepolisa angakhange akwazi ukulwa kulo.

“Weet jy, madala please mind your own business, if usafuna ukuphefumla”, utshilo umfana. Nakubeni kunjalo umnqa wawukho wokuba ezizinto elo topie lizazi kanjani.

“Bulela ungavalelwanga mfana wam.”

“Mna, ndibanjwe ngubani?” Ubuzile umfana. “Jy weet la ngamla ikhangela umntwana wayo olahlekileyo, ek kan jou se usemadodeni qha yena uyakhweleza, so akanakundivalelela ububhanxa, uyazithola.”

“Oh! Kuhle xa kunjalo, ukrele-krele.”

“Khumbula, uthetha nengwenya kaloku.”

UMnkwankume uye wancuma wanikina intloko.

“Ingxaki yenu, phofu eyakho, kukuba uleqana nepeni uyeke iponto elihleli likulindile, ubutyebi mntana, apho ungadla izambana ungqengqile.”

“Madala sudlala apha wazini wena ngobutyebi, isilaca esinjengawe.”

“Nantso ingxaki, ujonge isilaca kanti umelene nesinhanha”

La mazwi amtsho umfana wabheka-bheka waxakwa.

“Xa kunjalo uhleli ngani apha, khona iphi lomali?”

“Utsho endodeni ke nyana, bendilinde lonto, landela.”

Uye wekhwasu uMnkwankume, waqubula induku yakhe, weqabela umgaqo. Umfana uye wamjonga wafumanisa ukuba akagilibantu koko uhamba okomntu obonayo, kwaye uMnkwankume uyayazi apho aya khona. Ifikile ingcinga yokuba ajike koko wabuya wayilahla kwelokulibala ngelithi ubutyebi bumi phambi kwakhe. Ulandele emkhondweni wexhego. Liye le chuu emkhondweni wendlela ligudle indlela eya eDaku Power Station. Liye lacondoba kuhle lijonge u M17, kwala xa ziphela izindlu kuzoqala amatyotyombe le phinye-phinye phakathi kwawo. Uqondile uSponono ukuba makabe ngathi uyanyathela ayeke ukuba ngathi uphezu kwamaqanda. Kunye okwakusengqondweni yakhe, yimali azakuyifumana. Wayezibona eqhuba umnyobo wemoto ekhwele neyona nzwakazi yakhe yantle, wazijonga wafumanisa ukuba loo madlavu awanxibileyo uyawagqibelisa ukuwafaka kuba imali yothi tata kuye. Kuthe ekwezo ngcinga wazibona sele ekwithafa lesiphelo samatyotyombe. Umgama ongekude ke kweli thafa wawuzaliswe ngamanzi etyuwa yase Swartkops. Waqonda ukuba akasokuze akwazi ukuwela kulo manzi kuba akaboni nabhulorho angacangcatha kuyo. Kuthe esaxakwe yileyo wabona ngexhego licangcatha phezu kwamatywe avele kancinci apha emanzini. Hayi ke, zaqala zamxaka mpela izinto. Kuba ingqondo yayisele

ibona imali, zange alibazise waya kulamatye; unyathele amabini amathathu wayakuwa bhulukuqu, watoxo-toxo wayilonto, asele emphandla nasemehlweni amanzi amtsho abomvu ngoko nangoko. Uzamile uphakama suka wabuya wokuwa. Uthe xa efuna ukunikezela ajike suka weva isandla simtsalela ngaphandle.

“Sesifikile nyana, ungadinwa”, litshilo ixhego lakugqiba laguquka latya indlela. Ngeli thuba ilanga lalisele lisithi liyagoduka nezithuthi phaya ku M17 zazikhanyise izibane zimane ukuthi wii ziyokutshona. Phambi kwabo yaye ilizenge zenge lethafa elibanzi eligcwele amahlahla. Waqala wazidela ukusa umfana emana ukuthi besiyaphi, wayebugodola naloo mpahla sele imbandisa ngakumbi. UMnkwankume khange ame nakanye waye ejongise phambili kucaca phofu ngoku ukuba naloo nduku sele eyibekele kude. Bangene kwihlathi elimnyama laseRedhouse sele kukhanya neenkwenkwezi. Ngasekunene kwakubonakala izindlu zakudala zamaBhulu ukanti ngasekhohlo yayingamangcwaba asusela kwiminyaka ye 1700. Kuthe esothuswe yileyo umfana wabona sele engasamboni uMnkwankume phambi kwakhe. Lwaqala lwamdlikidla uvalo ngoku sele eziqonda ingxaki akuyo.

“Tata, uphi?” Ubuze ngelizwi elingcangcazelayo.

“Ngentla mnta’am sikulindilile.”

Unyathele kabini kathathu wakhubeka, ekuweni kwakhe uphawule ukuba ukho lomntu ulele phambi kwakhe, warhuqela ngakuye kuba ecinga ukuba lixhego elo. Uthe xa ekufuphi weva ivumba lento efileyo, ngoko nangoko elo vumba lamenza wafuna ukugabha kuba lamvala waminxeka mbha. Uthe xa eqwalasela lo uleleyo wabona ukuba sisidumbu somntu ofileyo kwaye ubuso bonke babubaleka iimpethu amathumbu engaphandle. Ushixize ebuya umva wabambeleva kwintonga ephambi kwakhe, uye wazama ukuyiphakamisa kuba efuna ukuzikhusela suka waphawula ukuba nguxhongo womntu lowo. Uwujule kude elandelisa ngokutswina okwehagu. Kweso sithuba iye yethaa inyanga. Ubone ngokumhlophe ukuba ujikelezwe zizidumbu namathambo abantu abafuleyo. Uyibonile intwazana efunwa nguCaptain Ngwema ikhamisile umqala usikwe kubini, imilenze inqunqwe kuhle yabekwa ecaleni layo. Koko kukhala ubone nenye intwazana ethengisa ngomzimba abedla ngokuthenga kuyo, nayo inqunyulwe umqala, hayi ke aphela emqaleni ngoku akwaphuma neso sikhalo.

“Banjalo ke nyana wam abadedele ecaleni”, livakele ilizwi lexhego. Emveni koko ibe nguxhimfi-xhimfi wezembe sele kungasavakali nesikhalo, iyincwina kuphela. Incwina iye yaphela kwavakala umkhulungwane wenja phakathi kwezindlu zamaBhulu; akubangaphi, satsho isikhova isithukuthezi. Umzimba womfana wawusele ungasabonakali bububomvu begazi.

“Bawo balingcolisile ihlabathi, ndibanikela kuwe Nkosi kuba abafuneki kweli hlabathi”, utshilo uMnkwankume esula izembe.

Kweso sithuba kuveleinja engangedonki ikhwelwe yindoda enxibe ezimnyama izivatho. Yayimfutshane okosana, kodwa iziqa zazibonakala ukuba lixhego ekudala labakho. Liye ngqo kuMnkwankume owayeme bhunxe ngathi ubethelelwe, wayehambaze oko wazalwa ebile ebaleka amanzi. Umzimba wakhe wawubengezela okwehashe lomdyarho. Ithe yakusondela indoda emfutshane waguqa ngamadolo uMnkwankume ecaleni kwesidumbu eso. Indoda iye yamthambisa ngamafutha anegazi apha ebunzi yakugqiba yajonga enjeni,inja iye yaya kumathumbu omfana yaxhafuza kucaca ukuba ilambile. Ithe yakugqiba ukutya yabuyela kumnini wayo. Indoda khange ibuye ithethe iye yolatha ehlathini,inja yandolosa yangena ehlathini phakathi. Ibuye yajonga uMnkwankume.

“USEBENZILE, UMOVUZO WAKHO UKUFUPHI, KWAKHO!” Itsho ngelizwi eligqumayo le ndoda emveni koko yabuyela phakathi ehlathini.

“Enkosi Tata”, utshilo uMnkwankume encumile.

UCaptain Ngwema uthe chuu esihla isitalato saseDaku eyiqhuba ngesona santya sakhe sasezantsi imoto. Ngalo lonke elo xesha wayebheka-bheka ekhangela umfana. Wafutha ngumsindo akungamboni kuba wayeqonda ukuba uzimele, kungenjalo uqhunywe umanzi apho akhoyo. Kuyo yonke lonto yena wayenoxininzelelo olukhulu kuba kwakufuneka enikezele ingxelo yophando kompetheyo. Wayeqonda ngokuphandle ukuba, ukuba linokutshona elalo mini engenanto esandleni uzodilikelwa ngumgodi. Uhle wayakujika apho ziphela khona iitaxi kunye noojikeleza. Uthe xa ebuya esathe chuu njalo wabona amantombazana ngapheshaya komgaqo. Ayenxibe eziminxayo iimpahla, eziminxe engakwazi nokuphefumla, enye yawo iye yaveza ulwimi yamkhombisa kumhlaba ongezantsi. Umnqweno uye wavuka ngoko nangoko kodwa wabuya wazibamba ngelithi usenkomeni.

Uqondile ukuba hleze afumane umkhomba-ndlela kula mantombazana, uye wehla kwisithuthi, waya kuwo.

“Girls, khange nimbone uSponono?” utshilo esula ukubila, kuba yayiligama lomfana lowo amfunayo.

“Oh! Sele uthenga koSponono ngoku la wethu amathanga akamahlanga kuwe.”

“Hey! Subhanxa wena, vha, ndisemsebenzini...”

“Xa usemsebenzini ubudla ngokuthenga nje, yintoni entsha, hayi sudlala please and I have i discount for umntu karhulumente, I know luv kunzima.”

Uqondile uCaptain Ngwema ukuba akukhonto azakuyifumana apha, makabuyele kwisithuthi sakhe.

“Bekungekho nesentana na ukusiza onjengam?” Litshilo ilizwi kude kufuphi nala mantombazana. Uye wamangaliswa koko uCaptain Ngwema kuba eqonda ukuba akunakuba kubhekiswa kuye.

“Ndibhekisa kuwe mntu wenkosi, ngalo yomthetho”, libuye latsho ilizwi.

Kwisitulo esingekude kula mantombazana kwakuhleli kuso uMnkwankume, induku yakhe emhlophe isecaleni kwakhe, itoti yesenti eyibambe ngesandla.

“Nxa, iimfama soloko zingqiba ungazi ukuba zifunani kodwa ziyaya mkela inkam-nkam”, undumzele watsho uCaptain Ngwema elinde iimoto zidlule ukuze awele umgaqo.

“Owomthetho ubekwa yintoni apha, kuba sele befana nezinyo lenkuku?”

“Bawo, mind your business, please”, uguquke ngelitshoyo uNgwema.

“You will never know, maybe elikhehle lingakunceda.”

UNgwema uye wasondela kuMnkwankume ehleka, wafaka isandla epokothweni wakhupha isentana waphosa kuloo toti.

“Sudlala khehle.”

“Ndingangaboni kodwa ndiyeva, kanti ndingangaboni ndibona.”

UNgwema uqondile ukuba ngahle kubekho ubunyani koku. Kuba elo xhego lihlala mihla le kule ndawo lingaboni kodwa liyeva, kwaye hleze kanti limvile ngela xesha bethetha namantombazana.

“Bakunye aba ubafunayo.”

Limothuse ngalo mazwi uCaptain Ngwema ixhego.

“Uthini?” Ubuze ngomdla ngoku uNgwema.

“Asitolikwa.”

“Bawo uthini? Khumbula ndingumntu womthetho.”

“Oh!”

“Ukuba unento oyaziyo ze ungathethi ndinelungelo lokuvalela, uyayazi lo nto.”

“Liyinene elo, kodwa phambi komantyi imfama oyiphe imali yazini?”

Uqondile uNgwema ukuba akadibenanga namuncwane apha koko makathobe umxakatho. Kwaye hleze kuthi kanti elixhego linento eninzi eliyaziyo elinokumnceda ngayo.

“Bawo ndifuna uSponono.”

“Kunye nentombazana encinane.”

“Bawo andinalo ixesha lokudlala, khona...”

“Ndikuxelele bakunye.”

“Eh...”

“Mandikuse kubo mfana wama uzobabona.”

“Bawo ixesha lodlala...”

“Kholwa mfana wam xa uwedwa sokuze ubabone yeka ixhego likukhokele.”

“Mnto’mdala ixesha liphelile esi sibini kufuneka ndisifumene.”

“Thoba umxakatho nyana, abantu abakholwa kwabangaboniyo, kwaye unyanisile ixesha liphelile.”

Uphakamile uMnkwankume, wathatha intonga yakhe wechu ngendlela. UCaptain Ngwema uye walandela emveni kwakhe.

“Bawo uhamba, kakuhle”

“Ndiyinkabi yamalanga mfana wam, lamaqhwa kudala ewela kum, nesihlalo sele sindilindile.”

UCaptain Ngwema uye wahlasimnyelwa ngumzimba. Iingqondo zazibetha-betha, ikho ethi ukho undonakele kodwa wayisusa ngelithi uSathana makangadlali ngaye kuba ixhego lalifuna ukumnceda. Uye wacela kuSombawo ukuba asuse ingcingane engendawo kuba umsebenzi wakhe wawuxhomekeke kweli xhego ngoku.

UMnkwankume wayengabheki ephinyeza phakathi kwezindlu zeRDP kwakunye namatyotyombe. Esisantya wayehamba ngaso samtsho wabila xhopho uCaptain Ngwema kwanga angathi makakhe aphumle, koko ixhego lalingathi livuthelwe ngemva.

“Sisekude, bawo?” Ukhwaze watsho uNgwema.

“Sesizakufika mfana wam, ukuphumla sele kufikile kula maqhwa.”

Emveni koko...

Wandenza ke John

Idolophu yaseBhayi ingqongwe zizixeko ezahlukeneyo, kodwa ukuba unokubuza indawo ekuthiwa kukwaDwesi, naseMagxaki, nemveku ekhule izolo ingakolathisa ngapheshaya komfula owawukho. Apho kulo ngingqi ungabona amapomakazi ezindlu, ucinge ukuba sele ufikile edolophini, kanti usekude ke bethu, koko ugaleleke kwingingqi yabamnyama. Apha ke ungafumana ootitshala, benamapomekazi ezindlu, bengebodwa ke phofu ekho amapolisa, abongikazi kwakunye noogqirha, nabo bekwanezindlu ezikumanqanaba aphezulu.

UNokhanyo wayengomnye wamakhosikazi ahlala kule ndawo, ehlala nomyeni wakhe uJohn kwakunye nabantwana babo ababini uZintle kwakunye noThina.

UJohn wayengumhlohli kwesinye sezikolo esikwalapho eDwesi.

UNokhanyo yena wayengumama wekhaya osoloko ekukeza emzini wakhe.

Umzi wale nkosikazi wawushushu ngalo lonke ixesha kulawula uxolo, nothando phakathi kwakhe nomyeni wakhe nabantwana babo.

Abantwana babesekumabanga aphantsi bobabini, ukanti inkosikazi yayise ncikane ingaphantsi kwamashumi amathathu eminyaka, logama indoda iqabele kumashumi amane.

UNokhanyo inye into awayeyiphilela lusapho lwakhe kwakunye nenkonzo.

Buyakumbona ngecawa ekukeza ngentseni elungungiselela abantwana bakhe zekamva enjenjeya ukuya enkonzweni.

Ebeshiya ekhaya elungise yonke into. Ukuba umyeni wakhe akazokuya ecaweni, ebemlungiselela ukuze kuthi kubetha intsimbi yeshumi, abe sele yena engaphakathi kwigumbi lenkonzo.

Emveni kwenkonzo ebeye ancokole nje kancikane nabanye oomama bebandla, aze acele indlela agoduke.

Bekunqabile ukufane umbone uNokhanyo esitalatweni, kwaye bengahambi ebutha kwimizi yabantu.

Kuyo yonke loo nto bekungathethi ukuba unekratshi kuba wayencokola nabantu xa athe wadibana nabo.

Inye into eyayi ngamonwabisi kubomi bakhe uNokhanyo, ngumyeni wakhe uJohn.

UJohn beye athi kumanye amaxesha afikelele kwidiliya emfaxangiweyo.

Nangona ibingeyonto yemihla ngemihla le kuba uJohn, ubeya acele ukuya emadodeni ngezinye iimini aze abuye ezibethile.

Le nto ibimhlupha uNokhanyo kodwa bezixolisa ngelithi kuzokubuya kulunge.

UNokhanyo wayezithuzela ngelithi izobuya iphele le meko kuba uyayithandazela kwaye uThixo soze angawuva umthandazo wakhe.

Iqhubekekile iluxolo imeko kweli khaya nakubeni isikrokro sona sasikho sokuba,

“Nkosi yenza ukuba umyeni wam ayeke obu tywala.”

Ngaminazana ithile, uNokhanyo uthe xa ehlamba wabona isigxala apha kuye emzimbeni esithande ukuba nentloko ebomvu.

Yamothusa le nto uNokhanyo kodwa akathetha.

Zihambile iintsuku, zaya zisanda izizgxala emzimbeni.

“Baby, inoba yintoni le?” Watsho uNokhanyo kumyeni wakhe ngenye imini.

“Baby girl, maan ndiyayibona kodwa andiyazi”, uphendule watsho uJohn.

“Bendicinga ukukhe ndiye kwagqirha kuba ziyandihlupha ezi zigxala”, watsho ngomzimba opholileyo uNokhanyo

“Ungaya mfazi wam akho ngxaki”, utshilo uJohn.

Ngosuku olulandelayo uNokhanyo uvukile wazilungisa waya kwagqirha.

Ubhalisile walinda ngokwesiqhwelo.

Lide lafika elakhe ithuba lokuba angene kugqirha. Uyichazile into ayibonileyo emzimbeni wakhe.

Ugqirha ucele ukumxilonga, waza uNokhanyo wavuma.

Ekugqibeni kwakhe ugqirha babuye bahlala phantsi.

“Sisi, andiboni ngxaki nawe uphilile.”

“Owu! Enkosi gqirha.”

“Ndiza kunika la mayeza, ukuba uwasebenzise ukuba azipheli ezi zigxala, uze uncede ubuye uze kwakum.”

“Kulungile gqirha ndakwenza njalo, enkosi.”

“Kuhle ke sisi, uhambe kakuhle.”

Ubuyele ekhaya uNokhanyo waququzela wenza izinto zomzi wakhe njengesiqhelo engangxamanga, de wafika umyeni wakhe.

UNokhanyo, uye wayilungiselela indoda yakhe ekufikeni kwayo, waze ke wayichazela ukuba ukhe wadibana nogqirha koko akabonanga nto, kodwa uthe aze abuye xa ebona kukho into angayiqondiyo.

Indoda ivumile, yaze yaqhubekeka nezinto zekhaya.

Ziqengqlekile iintsuku yade yadlula iveki yokuqala neyesibini, kungekho nto ihluphayo kweli khaya.

Kwiveki yesithathu, uNokhanyo uphawule ukuba, endaweni yokuba izigxala ziphele koko ngoku zithande ukwanda.

UNokhanyo uqondile ukuba makabuyele kwakugqirha, ayokuchaza le ngxaki.

Okunene uyile wabhalisa walinda.

Lifikile ithuba lokuba naye adibane nogqirha waza wangena.

“Oh! Molo nkosikazi uthini namhlanje?”

“Gqirha andithethi, koko ndihlutshwa kwangala maqhakuva, ahamba nezi zigxala zingapheliyo.”

“Ndiyeva nkosikazi, phofu seke watsala igazi ngaphambili.”

“Ewe gqirha, seke ndatsala.”

“Ndiyabona laphuma lisithini?”

“Iziphumo zathi licocekile gqirha.”

“Ndiyabona ke sisi, kodwa akuqondi ukuba ngesikhe sitsale kwakho sikhangele ukuba abangwa yintoni na la maqakuva nezi zigxala zingapheliyo?”

Lo mazwi amtsho wabanda uNokhanyo kuba khange awalindele

“Hayi sisi, ungandivi kakubi koko kufuneka sijonge nkalo zonke wena, ndingatsho ke phofu ukuba uyagula.”

“Eh, eh gqirha, ucinga ukuba ngahle kuthi kanti ndinentsholongwane kagawulayo.”

“Hayi sisi, kaloku siyahlola, ukuba ingaba umonakalo uthi gqi kweliphina icala.”

“Ndiyakuva.”

Ukhe wecwaka uNokhanyo akathetha wasuka weva shushu.

“Hayi sisi, ungakhe uye kucinga ekhaya wena udibane notata wekhaya.”

“Hayi gqirha, akhonto wena, ungatsala, kuba nam ziyandihlupha ezi zigxala ngaske ziphele.”

“Yiyo loo nto, ke kufuneka sijonge nkalo zonke.”

Uye wanikezela uNokhanyo watyityika uxwebhu lotsalo gazi kuhlolwe intshologwane kagawulayo.

Ekufikeni kwakhe ekhaya ufike umyeni wakhe sele ebuyile emsebenzini wamchazela ukuba uhambe njani kwagqirha.

Umyeni uvumile ukuba akhonto xa athe watsala igazi kwabuya kwancokolwa zimbi.

Ziqengqelekile iiveki ezimbini zadlula, kuthe xa kungenwa kule yesithathu kwatsho umxeba kwelikhaya.

Kaloku ambalwa amakhaya angenawo

“Hello”, utshilo uNolukhanyo

“Molo sisi, bendicela ukuthetha nosis’Nolukhanyo.”

“Nguye othethayo.”

“Sisi nguDr Mpothulo lona, bendicela ukuba nize apha kum e-surgery ngomso, ukuba nakubanalo ithuba.”

“Akhonto imbi phofu, gqirha?” Wabuza uNokhanyo izibilini ziphezulu.

“Hayi, akhonto imbi noko.”

“Ngomso emva kwemini kunganjani, kuba kusasa umyeni wam usesemsebenzin.i”

“Lingalihle elo xesha nakum, enkosi.”

“Enkosi, gqirha.”

Uyibeke phantsi uNokhanyo imfono-mfono wabuya waququzelela izinto zomzi wakhe.

Ekufikeni komyeni wakhe uye wamchazela ukuba bayafuneka kwagqirha ngomso.

Myeni uvumile akabuza ukuba yintoni isizathu, wathi bodibana kwagqirha ke ngomso.

Ngengomso uNokhanyo uye walungisa izinto zomyeni wakhe, waphangela, waza kamva walungiselela abantwana bakhe.

Lihambile ixesha de lafika elokuba makaye kwagqirha.

Okunene uye walungisa waza waxhabasha waya ngakhona.

Kuthe kungekudala wafika umyeni wakhe bahlala balinda.

Lifikile elabo ithuba lokuba badibane nogqirha.

Ugqirha ubachazele ukuba akho nto imbi koko bazakufumana iziphumo zotsalo gazi, kwaye kubalulekile ukuba xa baza kunikwa iziphumo badibane nonontlalontle.

Bavumile waze ke wathi mabakhe balinde kancinci kweli gumbi bebelinde kulo kuqala.

Baphumile baza balinda kungekudala kuye kwathi gqi omnye umongikazi wabacela ukuba bamlandele.

Balandele, waza wabakhokelela kwelinye igumbi bakhe balinde apho.

Eli gumbi lalipholile, licocekile, kwaye kungabonakali ukuba kukhe kuhlale abantu abaninzi kulo.

Ngalo lonke elixesha esi sibini sithe cwaka okungathi kukho nto imbi ekhe yehla.

Kuthe kungekudala kwethu omnye umongikazi kwelinye igumbi kwalapho.

“Tyhini! Hellow Bra K”, utshilo lo mongikazi.

“Hi”, utshilo uJohn ejonge phantsi.

“Heh! Wethu wahamba wedwa namhlanje, iphi inkosikazi yakho?”

“Nantsi, inkosikazi yam”, yabuya impendulo

Umongikazi uqondile ukuba ukho undonakele apha makasele ethula kuba akayazi nabeyibuza kakade.

Uye wekriphu umbilini kuNokhanyo akuva la mazwi, okokuqala kuthiwe umyeni wakhe nguBra K. ngoku kuthiwa iphi inkosikazi yakhe.

“John, unguBra K. ngoku?”

“Hayi.”

“Khona le nkosikazi kuthethwa ngayo ngubani?”

“Maan! Ndizakuyazelaphi mna, sukundibuza yonke into, please.”

“Sekutheni usilwa nje ngoku?”

“Andilwi koko ndiyaphendula”, utshilo uJohn ejonge phantsi kucaca ukuba akafuni kuphendulana tu nenkosikazi yakhe.

Inkosikazi ikhe yathula ayathetha imangalisiwe koku kutshintsha kwomyeni wayo.

“John, sekhe weza apha?” ibuzile inkosikazi

“Thixo! Nokhanyo yintoni le undibuza yona, ndize apha ndizokuthini? Khawuyeke ukundibuza maan, please!”

“Andilwi, John.”

“Nam andilwi!”

Emveni koko esi sibini siye secwaka asathetha kucaca ukuba iingcinga zikude, uJohn uye wahlala ejonge ecaleni kucaca ukuba ukude ngeengcinga logama inkosikazi izibuza ukuba konakele phina.

Kuye kwabuya kwethu elinye inenekazi elubuqina lababizela kwigumbi lalo.

Ekungeneni kwabo bafike kwigumbi elipholileyo baze bahlala.

Inenekazi lizazise njengonontlalontle osebenza apho, laze kamva labaqinisa libabophela ukuba bathi xa kukho into enzima abanokuyiva, bangothuki koko, bomelele.

Baphumile kwelo gumbi bakuba bomeleziwe baya kwelo linogqirha bafika ebalindile.

“Sisi, iziphumo zifikile.”

“Ewe, gqirha.”

“Nali ke iphepha eliqulathe ezo ziphumo.”

“Ewe gqirha, sifundele.”

“Sisi, ezi ziphumo zithi zikufumanisa unayo intsholongwane kagawulayo, HIV positive.”

“Andiva kakuhle uthini gqirha?” Wabuza uNokhanyo ilizwi libungcangcazela.

“Hayi sisi, iziphumo zithi unayo intsholongwane kagawulayo.”

UNokhanyo wabangathi ugalelwe amanzi abandayo waphinda kwangoko wangathi uthiwe yiba ngashushu.

Uye wabila ngoko nangoko aphela amathe emlonyeni wasuka wanxanwa kwangasekuntsuku engawaseli amanzi.

Ngelingeni lide laphumelisa ilizwi.

“Andiva kakuhle uthini gqirha?” ubuye wabuza uNokhanyo.

Ugqirha uqondile ukuba akukuhle kuba uNokhanyo wayesele ejike nebala, ukubila kubaleka okwamanzi emfuleni.

Uye wakhawuleza wacofa iqhoshha eliphambi kwakhe, wacela ukuba kukhawuleze kuze umongikazi apho.

UNokhanyo uye wajonga umyeni wakhe obeqondele phantsi ngalo lonke elixesha kuthethwayo.

“John, John undenzani abantwana bam?”

Uye wajuba emveni koko uNokhanyo yanguphantsi phezulu kuzanywa ukuncedwana nobomi bakhe.

Wothuke ezinzulwini zobusuku uNokhanyo engazi ukuba uphina, kwaye engazi nokuba uze njani kwindawo akuyo.

Ngelingeni zide zabuya iingqondo waphawula ukuba usemzini wakhe.

Uthe akuphosa amehlo ezantsi kwabedi waphawula ukuba ukho umntu ohleli apho kanti ngumyeni wakhe.

“Ndize njani apha?” Ubuzile ngezwi elingenamandla.

“Sikuzisile Khanyo wam.”

“Oh”, utshilo uNokhanyo emveni koko zawa iinyembezi.

“Ndicela uxolo mfazi wam, ndixolele.”

“John, John...” akakwazanga ukuwagqiba amazwi akhe uNokhanyo, wabuya watsala ingubo wazigquma, kwavakala nje ukungqukruleka kwakhe.

UJohn naye akakwazanga ukuzibamba koko uzibone izidlele sele zimanzi, waqala wamfixiza.

UJohn uhleli apho ezantsi kwebedi kwade kwasa yona inkosikazi izigqumile sele kuvakala nje ukungqukruleka.

Kuthe ekuzeni kokusa waphakama waqala walungiselela abantwana nenkosikazi into yokutya.

“Baby, nantsi ibreakfast yakho.” Utshilo uJohn.

“Enkosi, beka apho”, yaphendula inkosikazi isazigqumile.

UJohn ukubekile ukutya wabuya waqukeza esenza umsebenzi wendlu ngalo lonke eloxesha inkosikazi isazigqumile.

Uqhubile uJohn esebenza wade waqonda ukuba inkosikazi igqibile ukutya, xa engena kweligumbi ukutya khangela kuphathwe inkosikazi isazigqumile.

“Khanyo, khawutye sithandwa sam”, utshilo uJohn.

“Enkosi, ndihluthi.”

“Owu! Yini Khanyo wam.”

“Ndihluthi John, nyhani.”

“Khanyo, khawuveze ubuso ndikubone nkosikazi yakowethu.”

“John, intloko yam ibuhlungu ndicela undiyeke.”

“Please, mfazi wam.”

Uphakamise intloko kancinci uNokhanyo wajonga uJohn, ngomothuko uJohn uye waziva sele esitsho “Ngo-yhoo!” omkhulu, waguquka uNokhanyo wajonga esipilini, into ayibone apho imenze wasitsho esikrakra isikhalo, wasidubula phezulu.

Ubhuzenzele akazi nokuba makathini uJohn, exakwe nasesi sikhalo sibuhlungu senziwa yinkosikazi yakhe.

“Baby, khawuthule kaloku bazakuthini abantu.”

“Suthetha ngabantu! Suthetha ngabantu! Uthini ngam? Uthini ngam? Abantwana bam!

Abantwana bam! Yhini, John! Yini, John!”

Emveni kwala mazwi uye wasidubula kwakho isikhalo uNokhanyo.

Kuthe esaxakwe yileyo uJohn weva ukuba kukho umntu onkqonkqozayo emnyango uyile wavula.

“Hayi torho mmelwane, sithi, siva esi sikhalo sikrakra.”

“Ngenani meza.”

Kungene amakhosikazi amahlanu ahlala phantsi.

“Hayi akhonto”, utshilo uJohn emaya mayaza engazi ukuba makacacise athini.

“Siyothuka kaloku kuba asizange sava sikhalo apha”, itshilo inkosikazi.

“Kunjalo mama.”

“Iphi inkosikazi?”

“Nantsa ekamireni ungangena.”

Iphakamile inkosikazi yangena ishiya amanye ethe cwaka.

Ngalo lonke ixesha isikhalo sikaNokhanya asimanga.

“Khanyo, mntw’nam thula kaloku sisi yima kwenzeke ntoni?”

“NguJohn! NguJohn mama! Undisulele ngeAids.”

Inkosikazi yaxakwa nokuba mayithini, yasuka yaphelelwa ngamandla yahlala phezu kwebedi.

“Thula ke sisi, sukhala, zityhile ungazigqumi, sithethe silapha singomama”

Uzityhilile uNokhanyo suka inkosikazi yothuka yakhupha, “UThixo umkhulu.”

“Thixo! Bafazi, yhini umntwana wabantu, khanize bafazi.”

Bangenile nabanye abafazi bebuduzela bafika babona ubuso bakaNokhanyo bujalile

bugcwele izigxala sele kubonakala namathumba kubuso bonke.

Ngoko nangoko amakhosikazi awe ngedolo athandaza.

UJohn kwelakhe icala wayengazi ukuba makatshone kowuphi umngxunya.

Bathuthuzele oomama bezama ukubonisa ukuba uThixo ukhona.

Zinwenwile iindaba zemeko kaNokhanyo nomyeni wakhe zayigqiba iDwesi kwakunye neMagxaki.

Kumabandla alapho wabasemithandazweni uNokhanyo, kwiinkonzo zoomama zangooLwesine wabekwa ukuba uThixa ambone.

Kubafazi abathanda ulwimi yayinto ethethwayo into eyenziwe nguJohn.

Ezindyaleni kwakumiswa ngoJohn engumzekelo wamadoda angasebenzisi condom xa enamakrexekazi.

Zajikeleza zona indaba ingulowo nalowo umhlali esithi amadoda ayazenza izinto ezibuhlungu.

Kwelakhe icala uJohn waqala ukuyibona impazamo yakhe, wangcungcutheka ngakumbi akubona inkosikazi yakhe ityiwa kukufa eyijongile.

Kwaqala kwamfikela ukuba ebesisiyatha ukushiya inkosikazi entle ngolo hlobo aleqe phandle.

Akubanga kudala zvakala iindaba zokuba uNokhanyo umkelwe ziingqondo ngoku.

Kwakukodwa ukuba aphumeze phandle asitsho isikhalo kumaxa wambi wayefunyanwa ngumyeni wakhe efuna ukuzixhoma.

Abantu baqala bathi ngenene uJohn uwubulele umzi wakhe.

Ngaminazana ithile uJohn ushiye inkosikazi yakhe kwakunye nodade wayo ukuba akhe amjonge, uye wechu ngcembe waya kwamfundisi.

Ungene wahlala, waze wakhe wathi cwaka umzuzu akhathetha, nomfundisi kwalakhe icala uye akathetha kuba eyazi imeko.

“Mfundisi, ndiziswa kukuxakwa”, ude wavakala esitsho.

“Ewe, nyana”, watsho umntu wenkosi

“Mfundisi, ndonile ndayidlakaza indlu yam.”

“Ewe, nyana.”

“Umfazi wam, ndimsulele ngentsholongwane kagawulayo endiyifumele ekurhaqazeni kwam.”

Akakwazanga kuzibamba uJohn uye wagixa.

Umfundisi uye wathula akathetha emnika ithuba lokuba akhe agqibe.

“Nyana wam, uThixo uyayibona ingxaki yakho nokuzisola kwakho kwaye akaxakwanto masithandaze...”

Emveni komthandazo umfundisi uye wabopha uJohn ngamazwi emqinisa ukuba makomelele.

Amazwi kamfundisi aye amenza ukuba aqine uJohn waze wacela indlela.

Umfundisi uye wacela ukumpheleka koko uJohn uye wala, esithi ufuna ukukhe abethwe ngumoya.

Kusuku olulandelayo uJohn ubhaqwe ngabantwana ezixhomile.

Ngenene ebethwa ngumoya wanaphakade.

Ithe inkosikazi yakuchazelwa ngokuzixhoma kukaJohn yasuka yajonga phezulu zawa iinyembezi.

Ivakele isithi “Wandenza ke, John.”